
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**DIVISION OF REVENUE
ACT**

IRIPHABLIKHI YOMZANTSI-AFRIKA

**UMTHETHO
WOKWAHLULWA-HLULWA
KWENGENISO**

No 4, 2020

ACT

To provide for the equitable division of revenue raised nationally among the national, provincial and local spheres of government for the 2020/21 financial year; the determination of each province's equitable share; allocations to provinces, local government and municipalities from national government's equitable share; the responsibilities of all three spheres pursuant to such division and allocations; and to provide for matters connected therewith.

PREAMBLE

WHEREAS section 214(1) of the Constitution requires an Act of Parliament to provide for—

- (a) the equitable division of revenue raised nationally among the national, provincial and local spheres of government;
- (b) the determination of each province's equitable share of the provincial share of that revenue; and
- (c) any other allocations to provinces, local government or municipalities from the national government's share of that revenue, and any conditions on which those allocations may be made; and

WHEREAS section 7(1) of the Money Bills and Related Matters Act, 2009 (Act No. 9 of 2009), requires the introduction of the Division of Revenue Bill at the same time as the Appropriation Bill is introduced,

BE IT THEREFORE ENACTED by the Parliament of the Republic of South Africa, as follows:—

ARRANGEMENT OF SECTIONS

Sections

CHAPTER 1 5

INTERPRETATION AND OBJECTS OF ACT

1. Interpretation
2. Objects of Act

CHAPTER 2

EQUITABLE SHARE ALLOCATIONS 10

3. Equitable division of revenue raised nationally among spheres of government
4. Equitable division of provincial share among provinces

UMTHETHO

Injongo kukubonelela ukwahlulwa-hlulwa ngokwanelisayo kwengeniso eqokelelwe ezweni lonke kumanqwanqwa karhulumente angurhulumente kazwelonke, bamaphondo nabasekuhlaleni iyeyonyaka-mali ka-2020/21; kukuqingqwa kwesabelo esanelisayo sephondo ngalinye; ukwabelwa kwaso kumaphondo, kurhulumente wasekuhlaleni nakoomasipala kuthatyathwa kwisabelo esanelisayo sikarhulumente wezwelonke; uxanduva lwawo omathathu amanqwanqwa ngenxa yoko kwahlulwa-hlulwa nokwabiwa; nokulungiselela imicimbi enxibelelene noko.

INGABULA-ZIGCAWU

NJENGOKO icandelo 214(1) loMgaqo-siseko lifuna ukuba uMthetho wePalamente ubonelele—

- (a) ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwengeniso eqokelelwe elizweni lonke phakathi kwamacandelo karhulumente angurhulumente wezwelonke, bamaphondo nabasekuhlaleni;
- (b) ukuqingqwa kwesabelo esanelisayo sephondo ngalinye kwisabelo sephondo saloo ngeniso; kunye
- (c) nako konke okunye ukwabelwa kwamaphondo, urhulumente wasekuhlaleni okanye oomasipala kuthatyathwa kwisabelo sikarhulumente wezwelonke saloo ngeniso, kunye nayiphi na imiqathango enokuthi ibekelwe oko kwabelwa; kwaye

NJENGOKO icandelo 7(1) le*Money Bills and Related Matters Act* 9 ka-2009, lifunisa ukuba ukungeniswa koMthetho oYilwayo woKwahlulwa-hlulwa kweNgeniso kube ngaxeshanye nokungeniswa koMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali,

NGOKO KE kuqulunwa umthetho yiPalamente yeRiphabliki yoMzantsi-Afrika ngale ndlela ilandelayo:—

ULANDELELWANO LWAMACANDELO

Amacandelo

ISAHLUKO 1

5

UKUTOLIKWA KWENTSINGISELO NEENJONGO ZALO MTHETHO

1. Ukutolikwa kwentsingiselo
2. Injongo zalo Mthetho

ISAHLUKO 2

IZABELO-MALI ZESABELO ESANELISAYO

10

3. Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwengeniso eqokelelwe elizweni lonke phakathi kwamanqwanqwa karhulumente
4. Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwesabelo samaphondo phakathi kwamaphondo

5. Equitable division of local government share among municipalities
6. Shortfalls and excess revenue

CHAPTER 3

CONDITIONAL ALLOCATIONS TO PROVINCES AND MUNICIPALITIES

Part 1 5

Conditional allocations

7. Conditional allocations to provinces
8. Conditional allocations to municipalities

Part 2

Duties of accounting officers in respect of Schedule 4 to 7 allocations 10

9. Duties of transferring officer in respect of Schedule 4 allocations
10. Duties of transferring officer in respect of Schedule 5 or 6 allocations
11. Duties of receiving officer in respect of Schedule 4 allocations
12. Duties of receiving officer in respect of Schedule 5 or 7 allocations
13. Duties of receiving officer in respect of infrastructure conditional allocations to provinces 15
14. Infrastructure conditional allocations to metropolitan municipalities
15. Duties in respect of annual financial statements and annual reports for 2020/21

Part 3

Matters relating to Schedule 4 to 7 allocations 20

16. Publication of allocations and frameworks
17. Expenditure in terms of purpose and subject to conditions
18. Withholding of allocations
19. Stopping of allocations
20. Reallocation of funds 25
21. Conversion of allocations
22. Unspent conditional allocations

CHAPTER 4

MATTERS RELATING TO ALL ALLOCATIONS

23. Payment requirements 30
24. Amendment of payment schedule
25. Transfers made in error or fraudulently
26. New allocations during financial year and Schedule 7 allocations
27. Preparations for 2021/22 financial year and 2022/23 financial year
28. Transfers before commencement of Division of Revenue Act for 2021/22 financial year 35

CHAPTER 5

DUTIES AND POWERS OF MUNICIPALITIES, PROVINCIAL TREASURIES AND NATIONAL TREASURY

29. Duties of municipalities 40
30. Duties and powers of provincial treasuries
31. Duties and powers of National Treasury

5. Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwesabelo soorhulumente basekuhlaleni phakathi koomasipala
6. Ukungeneli kwemali efunekayo nokuthi kratya kwengeniso

ISAHLUKO 3

IZABELO-MALI EZIXHOMEKEKE KWIIMEKO EZIYA KUMAPHONDO NAKOOMASIPALA 5

iNxalenye 1

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko

7. Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kumaphondo
8. Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya koomasipala 10

iNxalenye 2

Imisebenzi yamagosa osetyenziso-mali malunga nezabelo-mali zeShedyuli 4 ukuya kweyesi-7

9. Imisebenzi yegosa elidluliselayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 4
10. Imisebenzi yegosa elidluliselayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5 okanye 6 15
11. Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 4
12. Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5 okanye 7
13. Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko zeemfuneko-ngqangi eziya kumaphondo 20
14. Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko zeemfuneko-ngqangi eziya koomasipala abambaxa
15. Imisebenzi malunga nezititimenti zemali zonyaka neengxelo zonyaka zika-2020/21

iNxalenye 3 25

Imicimbi emalunga nezabelo-mali zeShedyuli 4 ukuya kweyesi-7

16. Ukupapashwa kwezabelo-mali neenkqubo-mida
17. Inkcitho ngokwenjongo nangokuxhomekeka kwiimeko
18. Ukunkonywa kwezabelo-mali
19. Ukumiswa kwezabelo-mali 30
20. Ukwabiwa ngokutsha kweemali
21. Ukuguqulwa kwezabelo-mali
22. Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezingasetyenziswanga

ISAHLUKO 4

IMICIMBI EMALUNGA NAZO ZONKE IZABELO-MALI 35

23. Imfuneko zokuhlawula
24. Ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo
25. Iimali ezidluliselwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo
26. Izabelo-mali ezintsha usaqhubeka unyaka-mali nezabelo-mali zeShedyuli 7
27. Amalungiselelo onyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 40
28. Iimali ezidluliselweyo ngaphambi kokuba uqale ukusebenza uMthetho woKwahlulwa-hlulwa kweNgeniso wonyaka-mali ka-2021/22

ISAHLUKO 5

IMISEBENZI NAMAGUNYA OOMASIPALA, OOVIMBA BEMALI BAMAPHONDO NOVIMBA WEMALI WELIZWE 45

29. Imisebenzi yoomasipala
30. Imisebenzi namagunya oovimba bemali bamaphondo
31. Imisebenzi namagunya kaVimba weMali yeSizwe

CHAPTER 6**GENERAL**

32.	Liability for costs incurred in violation of principles of cooperative governance and intergovernmental relations	
33.	Irregular expenditure	5
34.	Financial misconduct	
35.	Delegations and assignments	
36.	Departures	
37.	Regulations	
38.	Transitional measures for municipal election in 2021	10
39.	Repeal of laws and savings	
40.	Short title and commencement	

SCHEDULE 1

Equitable division of revenue raised nationally among the three spheres of government

SCHEDULE 2 15

Determination of each province's equitable share of the provincial sphere's share of revenue raised nationally (as a direct charge against the National Revenue Fund)

SCHEDULE 3

Determination of each municipality's equitable share of the local government sphere's share of revenue raised nationally 20

SCHEDULE 4*Part A*

Allocations to provinces to supplement the funding of programmes or functions funded from provincial budgets

Part B 25

Allocations to municipalities to supplement the funding of programmes or functions funded from municipal budgets

SCHEDULE 5*Part A*

Specific purpose allocations to provinces 30

Part B

Specific purpose allocations to municipalities

SCHEDULE 6*Part A*

Allocations-in-kind to provinces for designated special programmes 35

Part B

Allocations-in-kind to municipalities for designated special programmes

SCHEDULE 7*Part A*

Allocations to provinces for immediate disaster response 40

Part B

Allocations to municipalities for immediate disaster response

ISAHLUKO 6**NGOKUBANZI**

32. Ukuba noxanduva lokuhlawula iindleko ekungenwe kuzo xa kusaphulwa imigaqo yolawulo lwentsebenziswano nobudlelwane phakathi koorhulumente 5
33. Inkcitho engafanelekanga
34. Ubugwenxa ekuphathweni kwemali
35. Ukuphathisa abanye nezabelo zemisebenzi
36. Ukuphambuka kwimigaqo
37. Imimiselo
38. Okuza kwenzeka okwethutyana ukulungiselela unyulo loomasipala luka-2021 10
39. Ukutshitshiswa kwemithetho nokulondolozwa kweminye
40. Isihloko esifutshane nokuqalisa ukusebenza

ISHEDYULI 1

- Ukwahlulwa-hlulwa kwengeniso okwanelisayo ethi ifumaneke ezweni lonke phakathi kwamanqwanqwa amathathu karhulumente 15

ISHEDYULI 2

- Ukuqingqwa kwesabelo esanelisayo sephondo ngalinye sesabelo senqwanqwa eliliphondo kwingeniso eqokelelweyo elizweni lonke (ngokucaphula ngqo kwiNngxowa-mali yeNgeniso yeZwelonke)

ISHEDYULI 3

- Ukuqingqwa kwesabelo esanelisayo somasipala ngamnye sesabelo senqwanqwa elingumasipala esiqokelelwe elizweni lonke 20

ISHEDYULI 4***iNxalenye A***

- Izabelo-mali eziya kumaphondo zokuncedisa ukuxhaswa ngemali kweenkqubo okanye imisebenzi exhaswa ngemali kuthatyathwa kwiimali zamaphondo 25

iNxalenye B

- Izabelo-mali eziya koomasipala zokuncedisa ukuxhaswa ngemali kweenkqubo okanye imisebenzi exhaswa ngemali kuthatyathwa kwiimali zoomasipala

ISHEDYULI 5

30

iNxalenye A

Izabelo-mali zenjongo ethile eziya kumaphondo

iNxalenye B

Izabelo-mali zenjongo ethile eziya koomasipala

ISHEDYULI 6

35

iNxalenye A

- Izabelo ezingeyomali eziya kumaphondo kuzezeenkqubo ezikhethekileyo ezixeliweyo

iNxalenye B

- Izabelo ezingeyomali eziya koomasipala kuzezeenkqubo ezikhethekileyo ezixeliweyo

ISHEDYULI 7

40

iNxalenye A

- Izabelo-mali eziya kumaphondo zokuhlangula ngokukhawulezileyo kwiintlekele

iNxalenye B

- Izabelo-mali eziya koomqasipala zokuhlangula ngokukhawulezileyo kwiintlekele

CHAPTER 1

INTERPRETATION AND OBJECTS OF ACT

Interpretation

1. (1) In this Act, unless the context indicates otherwise, any word or expression to which a meaning has been assigned in the Public Finance Management Act or the Municipal Finance Management Act has the meaning assigned to it in the Act in question, and—

“**accreditation**” means accreditation of a municipality, in terms of section 10(2) of the Housing Act, 1997 (Act No. 107 of 1997), to administer national housing programmes, read with Part 3 of the National Housing Code, 2009 (Financial Interventions: Accreditation of Municipalities);

“**allocation**” means the equitable share allocation to the national sphere of government in Schedule 1, a province in Schedule 2 or a municipality in Schedule 3, or a conditional allocation;

“**category A, B or C municipality**” means a category A, B or C municipality envisaged in section 155(1) of the Constitution;

“**conditional allocation**” means an allocation to a province or municipality from the national government’s share of revenue raised nationally, envisaged in section 214(1)(c) of the Constitution, as set out in Schedule 4, 5, 6 or 7;

“**Constitution**” means the Constitution of the Republic of South Africa, 1996;

“**corporation for public deposits account**” means a bank account of the Provincial Revenue Fund held with the Corporation for Public Deposits, established by the Corporation for Public Deposits Act, 1984 (Act No. 46 of 1984);

“**declared disaster**” means a national, provincial or local state of disaster declared in terms of section 27, 41 or 55 of the Disaster Management Act, 2002 (Act No. 57 of 2002);

“**Education Infrastructure Grant**” means the Education Infrastructure Grant referred to in Part A of Schedule 4;

“**financial year**” means, in relation to—

(a) a national or provincial department, the year ending 31 March; or

(b) a municipality, the year ending 30 June;

“**framework**” means the conditions and other information in respect of a conditional allocation published in terms of section 16 or 26;

“**Health Facility Revitalisation Grant**” means the Health Facility Revitalisation Grant referred to in Part A of Schedule 5;

“**housing emergency**” means a housing emergency as defined in paragraphs 2.3.1 (a) and (b) of the Emergency Housing Programme contained in the National Housing Code published in terms of section 4 of the Housing Act, 1997 (Act No. 107 of 1997);

“**Human Settlements Development Grant**” means the Human Settlements Development Grant referred to in Part A of Schedule 5;

“**Integrated City Development Grant**” means the Integrated City Development Grant referred to in Part B of Schedule 4;

“**integration zone**” means the integration zone as defined in the Built Environment Performance Plan Guideline issued by the National Treasury;

“**legislation**” means national legislation or provincial legislation as defined in section 239 of the Constitution;

“**level one accreditation**” means accreditation to render beneficiary management, subsidy budget planning and allocation, and priority programme management and administration, of national housing programmes;

“**level two accreditation**” means accreditation to render full programme management and administration of all housing instruments and national housing programmes in addition to the responsibilities under a level one accreditation;

“**Maths, Science and Technology Grant**” means the Maths, Science and Technology Grant referred to in Part A of Schedule 5;

ISAHLUKO 1

UKUTOLIKWA KWENTSINGISELO NEENJONGO ZALO MTHETHO

Ukutolikwa kwentsingiselo

1. (1) Kulo Mthetho, ngaphandle kokuba okunye okubhaliweyo kuwo kubonisa ngenye indlela, naliphi na igama okanye ibinzana elinikwe intsingiselo kwi *Public Finance Management Act* okanye kwi *Municipal Finance Management Act* linaloo ntsingiselo nakulo uMthetho, kwaye elithi—
- “**evunyiweyo**” lithetha ukuba ngovunyiweyo kukamasipala, ngokwecandelo 10(2) le *Housing Act*, 1997 (uMthetho 107 ka-1997), ukuba alawule iinkqubo zezwelonke zokwakhiwa kwezindlu, lifundwe kunye neNxalenye 3 ye *National Housing Code* ka-2009 (Ungenelelo ngeziMali: Ukwenziwa kooMasipala Babe Ngabavunyiweyo);
- “**isabelo-mali**” sisabelo-mali esisisabelo esanelisayo esiya kwinqwanqwa likarhulumente wezwelonke kuShedyuli 1, kwiphondo kuShedyuli 2 okanye kumasipala kuShedyuli 3, okanye isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko;
- “**umasipala okudidi A, B okanye C**” ngumasipala okudidi A, B okanye C oxelwe kwicandelo 155(1) loMgaqo-siseko;
- “**isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko**” sisabelo-mali esiya kwiphondo okanye kumasipala sisuka kwisabelo sengeniso sikarhulumente wezwelonke esiqokelelwe kwilizwe lonke, esixelwe kwicandelo 214(1)(c) soMgaqo-siseko, njengoko kuchazwe kwiShedyuli 4, 5, 6 okanye 7;
- “**uMgaqo-siseko**” nguMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi-Afrika ka-1996;
- “**ukopolotyeni we-akhawunti yeemali zoluntu**” yi-akhawunti yebhanki yeNgxowa-mali yeNgeniso yePhondo egcinwe kuKopolotyeni weeMali zoLuntu, eyasekwa yi *Corporation for Public Deposits Act*, 1984 (uMthetho 46 ka-1984);
- “**imeko ebhengezwe njengentlekele**” yimeko yentlekele yezwelonke, yephondo okanye yasekuhlaleni ebhengezwe ngokwecandelo 27, 41 okanye 55 le *Disaster Management Act*, 2002 (uMthetho 57 ka-2002);
- “**iSibonelelo seeMfuneko-ngqangi zeMfundo**” siSibonelelo seeMfuneko-ngqangi zeMfundo ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 4;
- “**unyaka-mali**”, ngokumayela—
- (a) nesebe lezwelonke okanye lephondo, ngunyaka ophela ngoMatshi 31; okanye
- (b) ngokumayela nomasipala, ngunyaka ophela ngoJuni 30;
- “**inkqubo-mda**” ziimeko zoxhomekeko nanye ingcombolo malunga nesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko epapashwe ngokwecandelo 16 okanye 26;
- “**iSibonelelo sokuHlaziya kweZiko leMpilo**” siSibonelelo sokuHlaziya kweZiko leMpilo ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 5;
- “**imeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu**” yimeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu njengoko ichazwe kwisiqendu 2.3.1 (a) no-(b) seNkqubo yoKwakhiwa kweZindlu ngeQubuliso epapashwe ngokwecandelo 4 le *Housing Act*, 1997 (uMthetho 107 ka-1997);
- “**iSibonelelo sokuPhuhlisa kokuHlaliswa kwaBantu**” siSibonelelo sokuPhuhlisa kokuHlaliswa kwaBantu ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 5;
- “**iSibonelelo soPhuhliso lwesiXeko Esidityanisiweyo**” siSibonelelo soPhuhliso lwesiXeko Esidityanisiweyo ekuthethwe ngaso kwiNxalenye B yeShedyuli 4;
- “**ummandla wodidiyelo**” ngummandla wodidiyelo njengoko uchazwe kwi *Built Environment Performance Plan Guideline* ekhutshwe nguVimba weMali weLizwe;
- “**umthetho wepalamente**” ngumthetho wepalamente wezwelonke okanye umthetho wepalamente wephondo njengoko uchazwe kwicandelo 239 loMgaqo-siseko;
- “**evunyiweyo ekwinqwanqwa lokuqala**” yevunyiweyo ukuba iphathe imicimbi yalowo oza kuzuza, ukucetywa nokwabiwa kohlhlo-lwabiwo-mali lokuncedisa, nokuphathwa nokulawulwa kweenkqubo zatanci, kweenkqubo zezwelonke zokwakhiwa kwezindlu;
- “**evunyiweyo ekwinqwanqwa lesibini**” yevunyiweyo lokunika ukuphathwa nokulawulwa kwenkqubo ephelileyo kwazo zonke izixhobo zokwakhiwa kwezindlu neenkqubo zezwelonke zokwakhiwa kwezindlu ukongezelela kumaxanduva aphantsi kokuvunywa okukwinqwa lokuqala;

- “**medium term expenditure framework**” means a budgeting framework applied by the National Treasury which—
- (a) translates government policies and plans into a multi-year spending plan; and
 - (b) promotes transparency, accountability and effective public financial management; 5
- “**metropolitan municipality**” means a metropolitan municipality as defined in section 1 of the Municipal Structures Act;
- “**Municipal Demarcation Act**” means the Local Government: Municipal Demarcation Act, 1998 (Act No. 27 of 1998);
- “**Municipal Finance Management Act**” means the Local Government: Municipal Finance Management Act, 2003 (Act No. 56 of 2003); 10
- “**Municipal Structures Act**” means the Local Government: Municipal Structures Act, 1998 (Act No. 117 of 1998);
- “**Municipal Systems Act**” means the Local Government: Municipal Systems Act, 2000 (Act No. 32 of 2000); 15
- “**Neighbourhood Development Partnership Grant**” means the Neighbourhood Development Partnership Grant referred to in Part B of Schedule 5 or Part B of Schedule 6;
- “**organ of state**” means an organ of state as defined in section 239 of the Constitution; 20
- “**overpayment**” means the transfer of more than the allocated amount of an allocation or the transfer of an allocation in excess of the applicable amount in a payment schedule;
- “**payment schedule**” means a schedule which sets out—
- (a) the amount of each transfer of a provincial equitable share or a conditional 25 allocation for a province or municipality to be transferred in terms of this Act;
 - (b) the date on which each transfer must be paid; and
 - (c) to whom, and to which bank account, each transfer must be paid;
- “**prescribe**” means prescribe by regulation in terms of section 37;
- “**primary bank account**” in relation to— 30
- (a) a province, means a bank account of the Provincial Revenue Fund, envisaged in section 21(2) of the Public Finance Management Act and which the accounting officer of the provincial treasury has certified to the National Treasury; or
 - (b) a municipality, means the bank account of the municipality as determined in 35 terms of section 8 of the Municipal Finance Management Act;
- “**Provincial Roads Maintenance Grant**” means the Provincial Roads Maintenance Grant referred to in Part A of Schedule 4;
- “**Public Finance Management Act**” means the Public Finance Management Act, 1999 (Act No. 1 of 1999); 40
- “**Public Transport Network Grant**” means the Public Transport Network Grant referred to in Part B of Schedule 5;
- “**Public Transport Operations Grant**” means the Public Transport Operations Grant referred to in Part A of Schedule 4;
- “**quarter**” means, in relation to— 45
- (a) a national or provincial department, the period from—
 - (i) 1 April to 30 June;
 - (ii) 1 July to 30 September;
 - (iii) 1 October to 31 December; or
 - (iv) 1 January to 31 March; or 50
 - (b) a municipality, the period from—
 - (i) 1 July to 30 September;
 - (ii) 1 October to 31 December;
 - (iii) 1 January to 31 March; or
 - (iv) 1 April to 30 June; 55

- “iSibonelelo seZibalo, iNzululwazi nobuChwepheshe”** siSibonelelo seZibalo, iNzululwazi nobuChwepheshe ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 5;
- “inkqubo-mda yenkcitho yexesha eliphakathi”** yimida-nkqubo yohlahlo-lwabiwo-mali esetyenziswa nguVimba weMali yeSizwe ethi—
- (a) iguqule imigaqo-nkqubo karhulumente nezicwangciso zibe sisicwangciso senkcitho-mali seminyaka emininzi; kananjalo 5
- (b) ekhuthaza ukusebenzela elubala, ukuziphendulela nokuphathwa kwezimali zoluntu okunephumelelayo;
- “umasipala ombaxa”** ngumasipala ombaxa njengoko echazwe kwicandelo 1 le*Municipal Structures Act*; 10
- “iMunicipal Demarcation Act”** yi*Local Government: Municipal Demarcation Act*, 1998 (uMthetho 27 ka-1998);
- “iMunicipal Finance Management Act”** yi*Local Government: Municipal Finance Management Act*, 2003 (uMthetho 56 ka-2003);
- “iMunicipal Structures Act”** yi*Local Government: Municipal Structures Act*, 1998 (uMthetho 117 ka-1998); 15
- “iMunicipal Systems Act”** yi*Local Government: Municipal Systems Act*, 2000 (uMthetho 32 ka-2000);
- “iSibonelelo sobuQabane sokuPhuhlisa koMmandla oseluMelwaneni”** siSibonelelo sobuQabane sokuPhuhlisa koMmandla oseluMelwaneni ekuthethwe ngaso kwiNxalenye B yeShedyuli 5 okanye kwiNxalenye B yeShedyuli 6;
- “icandelo likarhulumente”** licandelo likarhulumente njengoko lichazwe kwicandelo 239 loMgaqo-siseko;
- “intlawulo egqithisileyo”** kukudluliselwa kwemali engaphezu kwaleyo eyabelweyo kwisabelo-mali okanye ukudluliselwa kwesabelo-mali esingaphezu kwesixa esifunekayo kwishedyuli yentlawulo; 25
- “ishedyuli yentlawulo”** yishedyuli echaza—
- (a) isixa semali nganye edluliselwayo kwisabelo esanelisayo sephondo okanye isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sephondo okanye sikamasipala emasidluliselwe ngokwalo Mthetho; 30
- (b) umhla imali nganye edluliselwayo emayihlawulwe ngawo;
- (c) ukuba mayihlawulwe kubani, nakweyiphi i-akhawunti yasebhankini, imali nganye edluliselwayo;
- “ukumisela”** kuthetha ukumisela ngommiselo ngokwecandelo 37;
- “i-akhawunti yasebhankini eyintloko”**, ngokumayela— 35
- (a) nephondo, yi-akhawunti yasebhankini yeNgxowa-mali yeNgeniso yePhondo, exelwe kwicandelo 21(2) le*Public Finance Management Act* nelithe igosa lobalo-zimali loVimba weMali yePhondo layiqinisekisa kuVimba weMali yeSizwe; okanye
- (b) nomasipala, yi-akhawunti yasebhankini kamasipala njengoko kugqitywe ngaloo ndlela ngokwecandelo 8 le*Municipal Finance Management Act*; 40
- “iSibonelelo Sokukhathalelwa kweNdlela zePhondo”** siSibonelelo Sokukhathalelwa kweNdlela zePhondo ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 4;
- “iPublic Finance Management Act”** yi*Public Finance Management Act*, 1999 (uMthetho 1 ka-1999); 45
- “iSibonelelo Sazo Zonke iZithuthi zikaWonkewonke”** siSibonelelo Sazo Zonke iZithuthi zikaWonkewonke ekuthethwe ngaso kwiNxalenye B yeShedyuli 5;
- “iSibonelelo Sazo Zonke iZithuthi zikaWonkewonke”** siSibonelelo Sazo Zonke iZithuthi zikaWonkewonke ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 4;
- “ikota”**, ngokumayela— 50
- (a) nesebe lezwelonke okanye lephondo, lixesha eliqalela—
- (i) kuEpreli 1 ukuya kuJuni 30;
- (ii) kuJulayi 1 ukuya kuSeptemba 30;
- (iii) kuOktoba 1 ukuya kuDisemba 31; okanye
- (iv) kuJanuwari 1 ukuya kuMatshi 31; okanye 55
- (b) nomasipala, lixesha eliqalela—
- (i) kuJulayi 1 ukuya kuSeptemba 30;
- (ii) kuOktobha 1 ukuya kuDisemba 31;
- (iii) Januwari 1 ukuya kuMatshi 31; okanye
- (iv) kuEpreli 1 ukuya kuJuni 30; 60

“**receiving municipality**” means a municipality incorporating another municipality or part thereof as a result of a redetermination in terms of section 21(1)(b) of the Municipal Demarcation Act;

“**receiving officer**” means, in relation to—

(a) a Schedule 4, 5 or 7 allocation transferred to a province, the accounting officer of the provincial department which receives that allocation or a portion thereof for expenditure through an appropriation from its Provincial Revenue Fund; or

(b) a Schedule 4, 5 or 7 allocation transferred or provided in kind to a municipality, the accounting officer of the municipality;

“**receiving provincial department**” in relation to a Schedule 4, 5 or 7 allocation transferred to a province, means the provincial department which receives that allocation or a portion thereof for expenditure through an appropriation from its Provincial Revenue Fund;

“**releasing municipality**” means a municipality or part thereof which is incorporated into another municipality as a result of a redetermination in terms of section 21(1)(b) of the Municipal Demarcation Act;

“**School Infrastructure Backlogs Grant**” means the School Infrastructure Backlogs Grant referred to in Part A of Schedule 6;

“**this Act**” includes any framework or allocation published, or any regulation made, in terms of this Act;

“**transferring officer**” means the accounting officer of a national department that transfers a Schedule 4, 5 or 7 allocation to a province or municipality or spends a Schedule 6 allocation on behalf of a province or municipality;

“**Urban Settlements Development Grant**” means the Urban Settlements Development Grant referred to in Part B of Schedule 4; and

“**working day**” means any day, except a Saturday, a Sunday or a public holiday as defined in the Public Holidays Act, 1994 (Act No. 36 of 1994).

(2) Any agreement, approval, certification, decision, determination, instruction, notification, notice or request in terms of this Act must be in writing.

Objects of Act

2. The objects of this Act are—

(a) as required by section 214(1) of the Constitution, to provide for—

(i) the equitable division of revenue raised nationally among the three spheres of government;

(ii) the determination of each province’s equitable share of the provincial share of that revenue; and

(iii) other allocations to provinces, local government or municipalities from the national government’s share of that revenue and conditions on which those allocations are made;

(b) to promote predictability and certainty in respect of all allocations to provinces and municipalities, in order that provinces and municipalities may plan their budgets over a multi-year period and thereby promote better coordination between policy, planning and budgeting; and

(c) to promote transparency and accountability in the resource allocation process, by ensuring that all allocations, except Schedule 6 allocations, are reflected on the budgets of provinces and municipalities and the expenditure of conditional allocations is reported on by the receiving provincial departments and municipalities.

“umasipala owamkelayo” ngumasipala oginya omnye umasipala okanye inxalenye yakhe ngenxa yokusikwa ngokutsha kwemida ngokwecandelo 21(1)(b) le*Municipal Demarcation Act*;

“igosa elamkelayo”, ngokumayela—

(a) nesabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 esidluliselwe kwiphondo, ligosa lezimali lesebe lephondo elamkela eso sabelo-mali okanye inxalenye yaso isesenkcitho ngokwabelwa kuthatyathwa kwiNgxo-mali yeNgeniso yePhondo; okanye 5

(b) nesabelo seShedyuli 4, 5 okanye 7 esidluliselwe okanye esinikwe umasipala singeyomali, ligosa lezimali likamasipala; 10

“isebe lephondo elamkelayo”, ngokumayela nesabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 esidluliselwe kwiphondo, lisebe lephondo elamkela eso sabelo-mali okanye inxalenye yaso isesenkcitho ngokwabelwa kuthatyathwa kwiNgxowa-mali yeNgesi yePhondo yalo;

“umasipala okhululayo” ngumasipala okanye inxalenye kamasipala ethi ifakelwe komnye umasipala ngenxa yokusikwa ngokutsha kwemida ngokwecandelo 21(1)(b) le*Municipal Demarcation Act*;

“iSibonelelo Sokuxinga Kwezibonelelo-ngangi Zezikolo” siSibonelelo Sokuxinga Kwezibonelelo Zezikolo ekuthethwe ngaso kwiNxalenye A yeShedyuli 6;

“lo Mthetho” liquka nayiphi na inkqubo-mida okanye isabelo-mali esipapashiweyo, okanye nawuphi na ummiselo owenziweyo, ngokwalo Mthetho; 20

“igosa elidluliselayo” ligosa lobalo-zimali lesebe lezwelonke elidlulisela isabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 lisidlulisela kwiphondo okanye kumasipala okanye elisebenzisa isabelo-mali seShedyuli 6 egameni lephondo okanye likamasipala;

“iSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini” siSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini ekuthethwe ngao kwiNxalenye B yeShedyuli 4; lize elithi 25

“usuku lokusebenza” lithethe naluphi na usuku, ngaphandle koMgqibelo, iCawa okanye iholide kawonkewonke njengoko luchazwe kwi*Public Holidays Act*, 1994 (uMthetho 36 ka-1994). 30

(2) Nasiphi na isivumelwano, ukuvunywa, ukuqinisekiswa, isigqibo, uqingqo, umyalelo, ukwaziswa, isaziso okanye isicelo esingokwalo Mthetho masibhalwe phantsi.

Iinjongo zalo Mthetho

2. Iinjongo zalo Mthetho—

(a) Ngokwendlela ekufunwa ngayo licandelo 214(1) soMgaqo-siseko, kukwenza ukuba— 35

(i) yahlulwa-hlulwe ngokwanelisayo ingeniso eqokelelwe elizweni lonke kumanqwanqwa amathathu karhulumente;

(ii) kukuqingqa isabelo esanelisayo sephondo ngalinye kwisabelo sephondo saloo ngeniso; kunye 40

(iii) nezinye izabelo-mali eziya kumaphondo, kurhulumente wasekuhlaleni okanye koomasipala ukusuka kwisabelo sikarhulumente wezwelonke saloo ngeniso neemeko zoxhomekeko ezenziwa ngayo ezo zabelo-mali;

(b) kukukhuthaza ukuqondwa kweemeko kusengaphambili nokuqiniseka malunga nazo zonke izabelo-mali eziya kumaphondo nakoomasipala, ukuze amaphondo noomasipala bakwazi ukucwangcisa uhlahlo-lwabiwo-mali lwabo ilolwexesha eliyiminyaka emininzi, kuze ngaloo ndlela kukhuthazwe unxibelelwano olubhetele phakathi komgaqo-nkqubo, ukucwangcisa nokuhlahla ukwabiwa kwemali; kunye 50

(c) nokukhuthaza ukusebenzela elubala nokuziphendulela kwinkqubo yokwabiwa kobuncwane, ngokuqinisekisa ukuba zonke izabelo-mali, ngaphandle kwezabelo-mali zeShedyuli 6, ziyavela kuhlahlo-lwabiwo-mali lwamaphondo noloomasipala kwaye nokusetyenziswa kwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko kwenziwa ingxelo ngako ngamasebe amaphondo awamkelayo nangoomasipala. 55

CHAPTER 2

EQUITABLE SHARE ALLOCATIONS

Equitable division of revenue raised nationally among spheres of government

3. (1) Revenue raised nationally in respect of the 2020/21 financial year must be divided among the national, provincial and local spheres of government as set out in Column A of Schedule 1. 5

(2) The envisaged division among the national, provincial and local spheres of government of revenue anticipated to be raised nationally in respect of the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, and which is subject to the Division of Revenue Acts for those financial years, is set out in Column B of Schedule 1. 10

Equitable division of provincial share among provinces

4. (1) Each province's equitable share of the provincial share of revenue raised nationally in respect of the 2020/21 financial year is set out in Column A of Schedule 2.

(2) The envisaged equitable share for each province of revenue anticipated to be raised nationally in respect of the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, and which is subject to the Division of Revenue Acts for those financial years, is set out in Column B of Schedule 2. 15

(3) The National Treasury must transfer each province's equitable share referred to in subsection (1) to the corporation for public deposits account of the province in accordance with the payment schedule determined in terms of section 23. 20

Equitable division of local government share among municipalities

5. (1) Each municipality's equitable share of local government's share of revenue raised nationally in respect of the 2020/21 financial year is set out in Column A of Schedule 3.

(2) The envisaged equitable share for each municipality of revenue anticipated to be raised nationally in respect of the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, and which is subject to the Division of Revenue Acts for those financial years, is set out in Column B of Schedule 3. 25

(3) The national department responsible for local government must transfer a municipality's equitable share referred to in subsection (1) to the primary bank account of the municipality in three transfers on 7 July 2020, 8 December 2020 and 16 March 2021, in the amounts determined in terms of section 23(2). 30

Shortfalls and excess revenue

6. (1) If the actual revenue raised nationally in respect of the 2020/21 financial year falls short of the anticipated revenue set out in Column A of Schedule 1, the national government bears the shortfall. 35

(2) If the actual revenue raised nationally in respect of the 2020/21 financial year exceeds the anticipated revenue set out in Column A of Schedule 1, the excess accrues to the national government, and may be used to reduce borrowing or pay debt as part of its share of revenue raised nationally. 40

(3) A portion of national government's equitable share or excess revenue envisaged in subsection (2), may be appropriated through the applicable legislation envisaged in section 12 of the Money Bills and Related Matters Act, 2009 (Act No. 9 of 2009), to make further allocations to—

- (a) national departments; or 45
- (b) provinces or municipalities.

ISAHLUKO 2

IZABELO-MALI ZESABELO ESANELISAYO

Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwengeniso eqokelelwe elizweni lonke phakathi kwamanqwanqwa karhulumente

3. (1) Ingeniso eqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 kufuneka kwahlulelwane ngayo ngamanqwanqwa karhulumente angurhulumente wezwelonke, bamaphondo nabasekuhlaleni njengoko kuchazwe kuMhlathi A weShedyuli 1. 5

(2) Ukwahlulwa-hlulwa ekucingwa ngako phakathi kwamanqwanqwa karhulumente angurhulumente wezwelonke, bamaphondo nabasekuhlaleni kwengeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 nonyaka-mali ka-2022/23, ibe ixhomekeke kwiMithetho yoKwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yaloo minyaka-mali, kuchazwe kuMhlathi B weShedyuli 1. 10

Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwesabelo samaphondo phakathi kwamaphondo

4. (1) Isabelo esanelisayo sephondo ngalinye sesabelo sephondo sengeniso eqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 ichazwe kuMhlathi A weShedyuli 2. 15

(2) Isabelo esanelisayo ekucingwa ngaso sephondo ngalinye sengeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, ibe ixhomekeke kwiMithetho yoKwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yaloo minyaka-mali, sichazwe kuMhlathi B weShedyuli 2. 20

(3) Uvimba weMali yeSizwe kufuneka adlulisele isabelo esanelisayo sephondo ngalinye ekuthethwe ngaso kwicandelwana (1) asidlulisele kukopolotyeni we-akhawunti zeemali ezifakwe luluntu yephondo ngokweshedyuli yentlawulo egqitywe ngokwecandelo 23. 25

Ukwahlulwa-hlulwa okwanelisayo kwesabelo soorhulumente basekuhlaleni phakathi koomasipala

5. (1) Isabelo esanelisayo somasipala ngamnye sesabelo soorhulumente wasekuhlaleni sengeniso eqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 sichazwe kuMhlathi A weShedyuli 3. 30

(2) Isabelo esanelisayo ekucingwa ngaso somasipala ngamnye sengeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, nesixhomekeke kwiMithetho Yokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yaloo minyaka-mali, ichazwe kuMhlathi B weShedyuli 3. 35

(3) Isebe lezwelonke eliphathiswe oomasipala basekuhlaleni kufuneka lidlulisele isabelo esanelisayo sikamasipala ekuthethwe ngaso kwicandelwana (1) lisidlulisele kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini kamasipala likwenza oko izihlandlo ezintathu ezinguJulayi 7, 2020, noDisemba 8, 2020, noMatshi 16, 2021, kwizixa-mali ezigqitywe ngokwecandelo 23(2). 40

Ukungeneli kwemali efunekayo nokuthi kratya kwengeniso

6. (1) Ukuba eyona ngeniso eqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 iwa nganeno kwengeniso ebindelekile echazwe kuMhlathi A weShedyuli 1, ngurhulumente wezwelonke oya kuthwala oko kungeneli kwayo. 40

(2) Ukuba eyona ngeniso eqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2020/21 ithi kratya kwengeniso ebindelekile echazwe kuMhlathi A weShedyuli 1, loo mali ethe kratya ngayo iba yekarhulumente wezwelonke, kwaye inokusetyenziswa ukunciphisa ukuboleka okanye ukuhlawula ityala njengenxalenye yesabelo sakhe sengeniso eqokelelwe elizweni lonke. 45

(3) Inxalenye yesabelo esanelisayo sikarhulumente wezwelonke okanye ingeniso ethe kratya ekucingwa ngayo kwicandelwana (2), inokuthi yabiwe ngokomthetho wepalamente osebenza kuloo meko ekucingwa ngawo kwicandelwana 12 le*Money Bills and Related Matters Act, 2009* (Act 9 ka-2009), ukwenza ezinye izabelo-mali— 50

(a) kumasebe ezwelonke; okanye

(b) kumaphondo okanye koomasipala.

CHAPTER 3

CONDITIONAL ALLOCATIONS TO PROVINCES AND MUNICIPALITIES

*Part 1**Conditional allocations***Conditional allocations to provinces** 5

7. (1) Conditional allocations to provinces for the 2020/21 financial year from the national government's share of revenue raised nationally are set out in—
- (a) Part A of Schedule 4, specifying allocations to provinces to supplement the funding of programmes or functions funded from provincial budgets; 10
 - (b) Part A of Schedule 5, specifying specific-purpose allocations to provinces; 10
 - (c) Part A of Schedule 6, specifying allocations-in-kind to provinces for designated special programmes; and
 - (d) Part A of Schedule 7, specifying funds that are not allocated to specific provinces, that may be released to provinces to fund an immediate response to a declared disaster or housing emergency. 15
- (2) An envisaged division of conditional allocations to provinces from the national government's share of revenue anticipated to be raised nationally for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, which is subject to the annual Division of Revenue Acts for those years, is set out in Column B of the Schedules referred to in subsection (1). 20

Conditional allocations to municipalities

8. (1) Conditional allocations to municipalities in respect of the 2020/21 financial year from the national government's share of revenue raised nationally are set out in—
- (a) Part B of Schedule 4, specifying allocations to municipalities to supplement the funding of functions funded from municipal budgets; 25
 - (b) Part B of Schedule 5, specifying specific-purpose allocations to municipalities;
 - (c) Part B of Schedule 6, specifying allocations-in-kind to municipalities for designated special programmes; and
 - (d) Part B of Schedule 7, specifying funds that are not allocated to specific municipalities that may be released to municipalities to fund an immediate response to a declared disaster or housing emergency. 30
- (2) An envisaged division of conditional allocations to municipalities from the national government's share of revenue anticipated to be raised nationally for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, which is subject to the annual Division of Revenue Acts for those years, is set out in Column B of the Schedules referred to in subsection (1). 35
- (3) If approved by the National Treasury after consultation with the national Department of Transport, allocations for specific transport contracts for capital projects from the envisaged conditional allocations for the Public Transport Network Grant listed in Column B of Part B of Schedule 5, may not be altered downwards in the Division of Revenue Acts for the 2021/22 financial year and 2022/23 financial year. 40
- (4) (a) A municipality that intends to pledge a conditional allocation, or a portion thereof, as security for any obligations in terms of section 48 of the Municipal Finance Management Act, must, in addition to notifying the National Treasury in terms of 45

ISAHLUKO 3

IZABELO-MALI EZIXHOMEKEKE KWIIMEKO EZIYA KUMAPHONDO NAKOOMASIPALA

iNxalenye 1

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko

5

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kumaphondo

7. (1) Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kumaphondo zonyaka-mali ka-2020/21 zisuka kwisabelo sikarhulumente wezwelonke sengeniso eqokelelwe elizweni lonke zichazwe—

- (a) kwiNxalenye A yeShedyuli 4, exela izabelo-mali eziya kumaphondo ukuncedisa ukuxhaswa ngemali kweenkqubo okanye imisebenzi exhaswa ngemali kuthatyathwa kuhlallo-lwabiwo-mali lwamaphondo; 10
- (b) kwiNxalenye A yeShedyuli 5, exela izabelo-mali zenjongo ethile eziya kumaphondo;
- (c) kwiNxalenye A yeShedyuli 6, exela izabelo ezingeyomali eziya kumaphondo izezenkqubo ezikhethekileyo ezalathiweyo; nakwi 15
- (d) Nxalenye A yeShedyuli 7, exela iimali ezingabelwanga kumaphondo athile, ezinokuthi zikhululwe ziye kumaphondo ukuxhasa xa kusatyelwa ngokukhawulezileyo kwintlekele ebhengeziweyo okanye kwimeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu. 20

(2) Ukwahlulwa ekucingwa ngako kwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kumaphondo zisuka kwisabelo sengeniso sikarhulumente wenqwanqwa likazwelonke ekulindeleke ukuba iqokelelwe elizweni lonke iyeyonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, exhomekeke kwiMithetho Yokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yaminyaka le yaloo minyaka, kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1). 25

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya koomasipala

8. (1) Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya koomasipala izezonyaka-mali ka-2020/21 zisuka kwisabelo sikarhulumente kazwelonke esiqokelelwe elizweni lonke zichazwe— 30

- (a) kwiNxalenye B yeShedyuli 4, exela izabelo-mali eziya koomasipala ukuncedisa ekuxhasweni ngemali kwemisebenzi exhaswa ngemali kuthatyathwa kuhlallo-lwabiwo-mali loomasipala; 30
- (b) kwiNxalenye B yeShedyuli 5, exela izabelo-mali zenjongo ethile eziya koomasipala; 35
- (c) kwiNxalenye B yeShedyuli 6, exela izabelo ezingeyiyo imali eziya koomasipala izezenkqubo ezikhethekileyo ezalathiweyo; nakwi
- (d) Nxalenye B yeShedyuli 7, exela iimali ezingabelwanga koomasipala abathile ezinokuthi zikhululwe ziye koomasipala ukuxhasa xa kusatyelwa ngokukhawulezileyo kwintlekele ebhengeziweyo okanye kwimeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu. 40

(2) Ukwahlulwa ekucingwa ngako kwezabelo ezixhomekeke kwiimeko zisiya koomasipala zisuka kwisabelo sengeniso sikarhulumente wezwelonke ekulindeleke ukuba siqokelelwe elizweni lonke isesonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, esixhomekeke kwiMithetho Yokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yaminyaka le yaloo minyaka, kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1). 45

(3) Ukuba zivunyiwe nguVimba weMali yeSizwe emva kokubonisana neSebe lezoThutho lezwelonke, izabelo-mali zezivumelwano ezithile zothutho zamaphulo amakhulu kuthatyathwa kwizabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ekucingwa ngazo zeSibonelelo Sazo Zonke iziThuthi zikaWonkewonke ezidweliswe kuMhlathi B weShedyuli 5, azinakutshintshwa ngokuthi zithotywe kwiMithetho Yokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso yonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23.

(4) (a) Umasipala onenjongo yokubambisa ngesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, okanye inxalenye yaso, njengesibambiso sazo nazo na iimbopheleleko ngokwecandelo 48 leMunicipal Finance Management Act, kufuneka, ukongezelela ekwaziseni uVimba weMali yeSizwe ngokwecandelo 46(3) saloo Mthetho, azise igosa elidluliselayo 55

section 46(3) of that Act, notify the transferring officer and the relevant provincial treasury of that intention and provide the transferring officer and National Treasury at least 21 days to comment before seeking the approval of the municipal council.

(b) A municipality must submit financial and non-financial reports, in the format and on the dates determined by the National Treasury, for any project pledged to be partially or fully funded by using a conditional allocation, or a portion thereof, as security as envisaged in paragraph (a). 5

Part 2

Duties of accounting officers in respect of Schedule 4 to 7 allocations

Duties of transferring officer in respect of Schedule 4 allocations 10

9. (1) The transferring officer of a Schedule 4 allocation must—
- (a) ensure that transfers to all provinces and municipalities are—
 - (i) deposited only into the primary bank account of the relevant province or municipality; and
 - (ii) made in accordance with the payment schedule determined in terms of section 23, unless allocations are withheld or stopped in terms of section 18 or 19; 15
 - (b) monitor information on financial and non-financial performance of programmes partially or fully funded by an allocation in Part A of Schedule 4, in accordance with subsection (2) and the applicable framework; 20
 - (c) monitor information on financial and non-financial performance of the Urban Settlements Development Grant and Integrated City Development Grant against the capital budget and the service delivery and budget implementation plan;
 - (d) comply with the applicable framework; 25
 - (e) submit a quarterly financial and non-financial performance report within 45 days after the end of each quarter to the National Treasury in terms of the applicable framework; and
 - (f) evaluate the performance of programmes funded or partially funded by the allocation and submit such evaluations to the National Treasury within four months after the end of the 2020/21 financial year applicable to a provincial department or a municipality, as the case may be. 30
- (2) Any monitoring programme or system that is used to monitor information on financial and non-financial performance of a programme partially or fully funded by a Schedule 4 allocation must— 35
- (a) be approved by the National Treasury;
 - (b) not impose any excessive administrative responsibility on receiving officers beyond the provision of standard management and budget information;
 - (c) be compatible and integrated with and not duplicate other relevant national, provincial and local systems; and 40
 - (d) support compliance with section 11(2).
- (3) A transferring officer may only transfer the Urban Settlements Development Grant or the Integrated City Development Grant to a recipient metropolitan municipality if the municipality has—
- (a) submitted a built environment performance plan in terms of section 14(1); or 45
 - (b) been exempted in terms of section 14(5).

kwakunye novimba wemali yephondo ochaphazelekayo emazisa ngaloo njongo aze anike igosa elidluliselayo kwakunye noVimba weMali yeSizwe ubuncinane iintsuku ezingama-21 zokutsho abafuna ukukutsho ngaphambi kokufumana imvume yebhunga likamasipala.

(b) Umasipala kufuneka angenise iingxelo zemali nezingezozamali, zikwimo nangemihla egqitywe nguVimba weMali yeSizwe, ngalo naliphi na iphulo ekuthenjiswa ukuba lixhaswe ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo ngokusebenzisa isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, okanye inxalenye yaso, njengesibambiso ekucingwa ngaso kwisiqendu (a).

iNxalenye 2 10

Imisebenzi yamagosa osetyenziso-mali malunga nezabelo-mali zeShedyuli 4 ukuya kweyesi-7

Imisebenzi yegosa elidluliselayo malunga nezabelo-mali yeShedyuli 4

9. (1) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 kufuneka—

(a) liqinisekise ukuba iimali ezidluliselwayo eziya kuwo onke amaphondo nakoomasipala—

- (i) zifakwa kuphela kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini yephondo elifanelekileyo okanye kamasipala ofanelekileyo; kwaye
- (ii) zenziwa ngokweshedyuli yentlawulo egqitywe ngokwecandelo 23, ngaphandle kokuba izabelo-mali ziyankonywa okanye ziyamiswa ngokwecandelo 18 okanye 19;

(b) liyibek' esweni ingcombolo engokuqhutywa ngokwasemalini nokungekho ngokwasemalini kweenkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali esikwiNxalenye A yeShedyuli 4, ngokuvumelana necandelwana (2) neenkqubo-mida ezisebenza kwimeko enjalo;

(c) liyibek' esweni ingcombolo engokuqhutywa ngokwasemalini nokungekho ngokwasemalini kweSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini nxamnye nohlahlo-lwabiwo-mali oluyintloko nokunikezelwa kweenkonzo nesicwangciso sokusetyenziswa kohlalo-lwabiwo-mali;

(d) ziyahambisana neenkqubo-mida esebenza kuloo meko;

(e) lingenise ingxelo yendlela ekuqhutywe ngayo ngekota ngokwasemalini nangokungekho ngokwasemalini zingekapheli iintsuku ezingama-45 iphelile ikota nganye isiya kuVimba weMali yeSizwe ngokweenkqubo-mida ezisebenza kuloo meko; kwakunye

(f) liphonononge iindlela eziqhuba ngayo iinkqubo ezixhaswa okanye ezixhaswa ngokuyinxenye sisabelo-mali lize lingenise olo phononongo kuVimba weMali yeSizwe zingekapheli iinyanga ezine uphelile unyaka-mali ka-2020/21 osebenza kwisebe lephondo okanye kumasipala.

(2) Nayiphi na inkqubo yokubek' esweni esetyenziselwa ukubek' esweni ingcombolo engokuqhutywa ngokwasemalini okanye ngokungekho ngokwasemalini kweenkqubo exhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo ngemali sisabelo-mali seShedyuli 4 kufuneka—

(a) ivunywe nguVimba weMali yeSizwe;

(b) ingawathwalisi uxanduva olugqithiseleyo lolawulo amagosa amkelayo olungaphaya kokunika ulawulo olukumlinganiselo nengcombolo yohlalo-lwabiwo-mali;

(c) ifanelane kwaye idityaniswe kwaye ingaphindi umsebenzi owenziwa zezinye iinkqubo ezichaphazelekayo zezwelonke, zephondo nezasekuhlaleni; kananjalo

(d) ixhase ukwenziwa kwezinto ngokuvisisana necandelo 11(2).

(3) Igosa elidluliselayo linokuthi lidlulisele iSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini okanye iSibonelelo soPhuhliso lwesiXeko Esidityanisiweyo lisidlulisela kumasipala ombaxa ongumamkeli ukuba umasipala lowo—

(a) ungenise isicwangciso sokusebenza kwemeko-bume esingqongileyo ngokwecandelo 14(1); okanye

(b) ukhululwe kwisinkqamangelo sokwenza njalo ngokwecandelo 14(5).

(4) A framework may impose a duty on the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring officer or receiving officer, that contributes to achieving the purpose of the allocation, and the accounting officer must comply with the duty.

Duties of transferring officer in respect of Schedule 5 or 6 allocations 5

10. (1) The transferring officer of a Schedule 5 or 6 allocation must—

(a) not later than 14 days after this Act takes effect, certify to the National Treasury that—

(i) any monitoring or system that is used, is compatible and integrated with and does not duplicate other relevant national, provincial and local systems; and 10

(ii) any plans required in terms of the framework of a Schedule 5 allocation regarding the use of the allocation by—

(aa) a province, have been approved before the start of the financial year; or 15

(bb) a municipality, shall be approved before the start of the financial year;

(b) in respect of Schedule 5 allocations—

(i) transfer funds only after receipt of all information required to be submitted by the receiving officer in terms of this Act and after submission of all relevant information to the National Treasury; 20

(ii) transfer funds in accordance with the payment schedule determined in terms of section 23, unless allocations are withheld or stopped in terms of section 18 or 19; and

(iii) deposit funds only into the primary bank account of the relevant province or municipality; and 25

(c) comply with the applicable framework.

(2) The transferring officer must submit all relevant information and documentation referred to in subsection (1)(a) to the National Treasury within 14 days after this Act takes effect. 30

(3) A transferring officer, who has not complied with subsection (1), must transfer the allocation in the manner instructed by the National Treasury, including transferring the allocation as an unconditional allocation.

(4) Before making the first transfer of any allocation in terms of subsection (1)(b), the transferring officer must take note of any notice in terms of section 31(1) containing the details of the relevant primary bank accounts. 35

(5) The transferring officer of a Schedule 5 allocation to a municipality is responsible for monitoring financial and non-financial performance information on programmes funded by the allocation.

(6) (a) The transferring officer of a Schedule 5 or 6 allocation must, as part of the reporting envisaged in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, but subject to paragraph (b), submit information, in the format determined by the National Treasury, for the month in question, and for the 2020/21 financial year up to the end of that month, on— 40

(i) the amount of funds transferred to a province or municipality; 45

(ii) the amount of funds for any province or municipality withheld or stopped in terms of section 18 or 19, the reasons for the withholding or stopping and the steps taken by the transferring officer and the receiving officer to deal with the matters or causes that necessitated the withholding or stopping of the payment;

(iii) the actual expenditure incurred by the province or municipality in respect of a Schedule 5 allocation; 50

(iv) the actual expenditure incurred by the transferring officer in respect of a Schedule 6 allocation;

(v) any matter or information that may be required by the applicable framework for the particular allocation; and 55

(vi) such other matters as the National Treasury may determine.

(4) Iinkqubo-mida zisengalithwalisa uxanduva igosa losetyenziso-mali lesebe lezwelonke okanye lephondo, ngaphandle kwegosa elidluliselayo okanye igosa elamkelayo elinegalelo ekufezekiseni injongo yesabelo-mali, kwaye igosa losetyenziso-mali kufuneka likwenze okufunwa lolu xanduva.

Imisebenzi yegosa elidluliselayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5 okanye 6 5

- 10.** (1) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 5 okanye 6 kufuneka—
- (a) zingekapheli iintsuku ezili-14 uqalile ukusebenza lo Mthetho, liqinisekise kuVimba weMali yeSizwe ukuthi—
- (i) nakuphi na ukubekw' esweni okanye inkqubo esetyenziswayo, iyafanelana kwaye into-nye kwaye ayiphindi okwenziwa ziinkqubo ezichaphazelekayo zezwelonke, zamaphondo nezasekuhlaleni; nokuthi 10
- (ii) naziphi na izicwangciso ezifunekayo ngokwenkqubo-mida yesabelo-mali seShedyuli 5 ngokusetyenziswa kwesabelo-mali—
- (aa) liphondo, zivunyiwe ngaphambi kokuba kuqale unyaka-mali; okanye 15
- (bb) ngumasipala, ziza kuvunywa ngaphambi kokuba kuqale unyaka-mali;
- (b) malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5—
- (i) lidlulisele iimali kuphela emva kokuba lifumene yonke ingcombolo ekufuneka ukuba ingeniswe ligosa elamkelayo ngokwalo Mthetho nasemva kokungeniswa kwayo yonke ingcombolo efanelekileyo kuVimba weMali yeSizwe; 20
- (ii) lidlulisele iimali ngokweshedyuli yentlawulo egqitywe ngokwecandelo 23, ngaphandle kokuba izabelo zinkonyiwe okanye zimisiwe ngokwecandelo 18 okanye 19; kwaye 25
- (iii) lifake iimali kuphela kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini yephondo elichaphazelekayo okanye umasipala; kwaye
- (c) lenze okufunwa yimida-nkqubo esebenza kuloo meko.
- (2) Igosa elidluliselayo kufuneka lingenise yonke ingcombolo efanelekileyo namaxwebhu ekuthethwe ngawo kwicandelwana (1)(a) kuVimba weMali yeSizwe zingekapheli iintsuku ezili-14 uqalile ukusebenza lo Mthetho. 30
- (3) Igosa elidluliselayo, elingakwenzanga okufunwa licandelwana (1), kufuneka lisidlulisele isabelo-mali ngendlela eyalelwe nguVimba weMali yeSizwe, kuquka ukudlulisela iisabelo-mali njengesabelo-mali esingamekekanga kwiimeko. 35
- (4) Ngaphambi kokuba lidlulisele okokuqala nasiphi na isabelo-mali ngokwecandelwana (1)(b), igosa elidluliselayo kufuneka liqaphele nasiphi na isaziso esingokwecandelo 31(1) esineenkukacha zee-akhawunti eziyintloko ezifanelekileyo zasebhankini.
- (5) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 5 esiya kumasipala linoxanduva lokubek' esweni ingcombolo engokwemali nengekho ngokwemali yokuba ziqhuba njani iinkqubo ezixhaswa sisabelo-mali. 40
- (6) (a) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 5 okanye 6 kufuneka, njengenxalenye yokwenz' ingxelo ekucingwa ngako kwicandelo 40(4)(c) se*Public Finance Management Act*, kodwa ngokulawulwa sisiqendu (b), lingenise ingcombolo, ikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe, iyeyaloo nyanga, neyonyaka-mali ka-2020/21 kude kube sekupheleni kwaloo nyanga, malunga— 45
- (i) nesixa seemali ezidluliselwe kwiphondo okanye kumasipala;
- (ii) nesixa seemali salo naliphi na iphondo okanye umasipala esinkonyiweyo okanye samiswa ngokwecandelo 18 okanye 19, izizathu zokunkonywa okanye zokumiswa namanyathelo athatyathwe ligosa elidluliselayo naligosa elamkelayo ukuqubisana nemicimbi okanye oonobangela abafunise ukuba ukunkonywa okanye ukumiswa kwentlawulo; 50
- (iii) neyona nkcitho ekungenwe kuyo liphondo okanye ngumasipala malunga nesabelo-mali seShedyuli 5; 55
- (iv) neyona nkcitho ekungenwe kuyo ligosa elidluliselayo malunga nesabelo-mali seShedyuli 6;
- (v) nawo nawuphi na umcimbi okanye ingcombolo enokuthi ifunwe ziinkqubo-mida ezisebenza kule meko izezesabelo-mali esithile; kwakunye
- (vi) neminye imicimbi enokuthi igqitywe nguVimba weMali yeSizwe. 60

- (b) For purposes of the application of paragraph (a) to Part B of Schedule 5, the period of 15 days envisaged in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act must be construed to mean a period of 20 days.
- (7) A transferring officer must submit to the National Treasury—
- (a) a monthly provincial report on infrastructure expenditure partially or fully funded by the Health Facility Revitalisation Grant, National Health Grant, School Infrastructure Backlogs Grant or Maths, Science and Technology Grant, within 22 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury; and 5
 - (b) a quarterly performance report on all programmes partially or fully funded by a Schedule 5 or 6 allocation within 45 days after the end of each quarter, in accordance with the applicable framework. 10
- (8) The transferring officer must evaluate the performance of all programmes partially or fully funded by a Schedule 5 or 6 allocation and submit such evaluations to the National Treasury within four months after the end of the 2020/21 financial year applicable to a provincial department or a municipality, as the case may be. 15
- (9) The transferring officer for the Public Transport Network Grant or Neighbourhood Development Partnership Grant to a metropolitan municipality—
- (a) may only transfer the Grant if the municipality has—
 - (i) submitted a built environment performance plan in terms of section 14(1); or 20
 - (ii) been exempted in terms of section 14(5); and
 - (b) must take into account that built environment performance plan, if applicable, when monitoring and evaluating the performance of the municipality and assessing envisaged plans and allocations for the municipality. 25
- (10) The transferring officer of the Human Settlements Development Grant may only transfer the Grant to a province after the relevant receiving officer has complied with section 12(6)(a) and (b).
- (11) A framework may impose a duty on the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring officer or receiving officer, that contributes to achieving the purpose of the allocation and the accounting officer must comply with the duty. 30

Duties of receiving officer in respect of Schedule 4 allocations

11. (1) The receiving officer of a Schedule 4 allocation is responsible for—
- (a) complying with the applicable framework; and 35
 - (b) the manner in which the allocation received from a transferring officer is allocated and spent.
- (2) The receiving officer of a municipality must—
- (a) ensure and certify to the National Treasury that the municipality—
 - (i) indicates each programme partially or fully funded by a Schedule 4 allocation in its annual budget and that the allocation is specifically and exclusively appropriated in that budget for utilisation only according to the purpose of the allocation; and 40
 - (ii) makes public, in terms of section 21A of the Municipal Systems Act, the conditions and other information in respect of the allocation, to facilitate performance measurement and the use of required inputs and outputs; 45
 - (b) when submitting the municipality's statements in terms of section 71 of the Municipal Finance Management Act for September 2020, December 2020, March 2021 and June 2021, report to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury— 50
 - (i) in respect of the Urban Settlements Development Grant and the Integrated City Development Grant, on financial performance against its capital budget and the measures defined in its service delivery and budget implementation plan; and 55

- (b) Ngenjongo yokusetyenziswa kwesiqendu (a) seNxalenye B yeShedyuli 5, isithuba seentsuku ezili-15 ekucingwa ngalo kwicandelo 40(4)(c) se*Public Finance Management Act* kufuneka sithathwe njengesithetha isithuba seentsuku ezingama-20.
- (7) Igosa elidluliselayo kufuneka lingenise kuVimba weMali yeSizwe—
- (a) ingxelo yephondo yanyanga zonke engenkcitho yeemfuneko-ngqangi exhaswe ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo ngeSibonelelo Sokuhlaziyiwa kweZakhiwo zeMpilo, iSibonelelo seMpilo kaZwelonke, iSibonelelo Sokuxinga kweMfuneko-ngqangi zeZikolo, iSibonelelo seNzululwazi nobuChwepheshe, zingekapheli iintsuku ezingama-22 iphelile inyanga nganye, ikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe; kunye 10
- (b) nengxelo yekota yendlela ekuqhutywe ngayo kuzo zonke iinkqubo ezixhaswe ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 5 okanye 6 zingekapheli iintsuku ezingama-45 iphelile ikota nganye, ngokuvumelana neenkqubo-mida esebenza kule meko.
- (8) Igosa elidluliselayo kufuneka liphonononge indlela eziqhube ngayo zonke iinkqubo ezixhaswe ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 5 okanye 6 lize lingenise oko kuphononongwa kuVimba weMali yeSizwe zingekapheli iinyanga ezine uphelile unyaka-mali ka-2020/21 osebenza kwisebe lephondo okanye kumasipala.
- (9) Igosa elidluliselayo leSibonelelo Lazo Zonke iZithuthi zikaWonkewonke okanye iSibonelelo sobuQabane Ekuphuhliseni uMelwane kumasipala ombaxa— 20
- (a) linokuthi lisidlulise isibonelelo kuphela ukuba umasipala—
- (i) ungenise isicwangciso sokuqhuba kwemekobume esingqongileyo eyakhiweyo ngokwecandelo 14(1); okanye
- (ii) ukhululwe kwisinqamangelo ngokwecandelo 14(5); kwaye 25
- (b) kufuneka licingele eso sicwangciso sokuqhuba kwemekobume esingqongileyo eyakhiweyo, ukuba sikho, xa libek' esweni kwaye liphonononga indlela aqhube ngayo umasipala kwaye liphonononga izicwangciso ekucingwa ngazo nezabelo-mali zikamasipala.
- (10) Igosa elidluliselayo leSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu linokusidlulisela isibonelelo kwiphondo emva kokuba igosa elamkelayo lalapho likwenzile okufunwa licandelo 12(6)(a) no-(b). 30
- (11) Inkqubo-mida inokuthi ilinyanzele igosa losetyenziso-mali lesebe lezwelonke okanye lephondo, elingelilo igosa elidluliselayo okanye elamkelayo, nto leyo ethi ibe negalelo ekufezweni kwenjongo yesabelo-mali kwaye igosa losetyenziso-mali kufuneka likwenze okufunwa sisinyanzelo. 35

Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 4

11. (1) Igosa elamkelayo lesabelo-mali leShedyuli 4 linoxanduva—
- (a) lokukweza okufunwa yimida-nkqubo esebenza kwimeko;
- (b) lokubona ukuba isabelo-mali esifunyenwe sivela kwigosa elidluliselayo sabiwa kwaye sisetyenziswa njani. 40
- (2) Igosa elamkelayo likamasipala kufuneka—
- (a) linike isiqinisekiso kuVimba weMali yeSizwe sokuba umasipala—
- (i) uyayibonisa inkqubo nganye exhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4 kuhlalho-lwabiwo lwakhe lonyaka nokuthi isabelo-mali sabiwa ngokukhethekileyo nangokupheleleyo kolo hlahlo-lwabiwo-mali ukuze sisetyenziswe kuphela ngokwenjongo yeso sabelo-mali; kwaye 45
- (ii) uzithi pahaha esidlangalaleni, ngokwecandelo 21A le*Municipal Systems Act*, iimeko zoxhomekeko nenye ingcombolo emalunga nesabelo-mali, ukuze kube lula ukuqonda ukuba kuqhutywe njani nokusetyenziswa kwezimvo ebezifuneka; 50
- (b) xa lingenisa izitetimenti zikamasipala ngokwecandelo 71 le*Municipal Finance Management Act* kaSeptemba 2020, Disemba 2020, Matshi 2021 noJuni 2021, lenze ingxelo kwigosa elidluliselayo, kuvimba wephondo ofanelekileyo nakuVimba weMali yeSizwe— 55
- (i) iyeyeSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini neSibonelelo soPhuhliso lwesiXeko Esidibeneyo, kwindlela ekuqhutywa ngayo ngokwasemalini nxamnye nohlahlo-lwabiwo-mali lwaso esiyintloko namanyathelo axeliweyo kunikezelo lwaso lweenkonzo nescicwa- 60
- ngciso sokusetyenziswa kohlahlo-lwabiwo-mali; kanaanjalo

- (ii) in respect of any other Schedule 4 allocation, on financial performance of programmes partially or fully funded by the allocation; and
 - (c) within 30 days after the end of each quarter, report to the transferring officer and the National Treasury—
 - (i) in respect of the Urban Settlements Development Grant and the Integrated City Development Grant, on non-financial performance for that quarter against the measures defined in its service delivery and budget implementation plan; and
 - (ii) in respect of any other Schedule 4 allocation, on non-financial performance of programmes partially or fully funded by the allocation.
- (3) The National Treasury must make the report submitted to it in terms of subsection (2)(b) or (c) available to the transferring officer of the Urban Settlements Development Grant, Public Transport Network Grant and Integrated National Electrification Programme Grant and the accounting officer of any other national department having responsibilities relating to the applicable allocation.
- (4) The receiving officer of a provincial department must submit to the relevant provincial treasury and the transferring officer—
- (a) as part of the report required in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, reports on financial and non-financial performance of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation;
 - (b) a quarterly non-financial performance report of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation within 30 days after the end of each quarter; and
 - (c) a monthly provincial report on infrastructure programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation within 15 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury.
- (5) The receiving officer must report on programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation against the applicable framework in its annual financial statements and annual report.
- (6) The receiving officer must evaluate the financial and non-financial performance of the provincial department or municipality, as the case may be, in respect of programmes partially or fully funded by a Schedule 4 allocation and submit such evaluation to the transferring officer and the relevant provincial treasury within two months—
- (a) in respect of a provincial department, after the end of the 2020/21 financial year of the provincial department; and
 - (b) in respect of a municipality, after the end of the 2020/21 financial year of the municipality.

Duties of receiving officer in respect of Schedule 5 or 7 allocations

- 12.** (1) The receiving officer of a Schedule 5 or 7 allocation must comply with the applicable framework.
- (2) The relevant receiving officer must, in respect of a Schedule 5 or 7 allocation transferred to—
- (a) a province, as part of the report required in section 40(4)(c) of the Public Finance Management Act, report on the matters referred to in subsection (3) and submit a copy of that report to the relevant provincial treasury and the transferring officer;
 - (b) a municipality, as part of the report required in terms of section 71 of the Municipal Finance Management Act, report on the matters referred to in subsection (4) and submit a copy of that report to the relevant provincial treasury, the National Treasury and the relevant transferring officer; and

- (ii) iyeyaso nasiphi na esinye isabelo-mali seShedyuli 4, kwindlela ekuqhutywa ngayo ngokwasemalini kwiinkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali; lize lithi
- (c) zingekapheli iintsuku ezingama-30 iphelile ikota nganye, lenze ingxelo kwigosa elidluliselayo nakuVimba weMali yeSizwe— 5
- (i) iyeyeSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini neSibonelelo soPhuhliso lwesixeko Esidibeneyo, kwindlela ekuqhutywa ngayo ngokwasemalini kuloo kota nxamnye namanyathelo axelwe kunikezelo lwaso lweenkonzo nakwiscwangciso sokusetyenziswa kohlahlo-lwabiwo-mali; kanaanjalalo 10
- (ii) iyeyaso nasiphi na esinye isabelo-mali seShedyuli 4, ngendlela ekuqhutywa ngayo kungekuko ngokwasezimalini kwiinkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali.
- (3) UVimba weMali yeSizwe kufuneka ayenze ingxelo engeniswe kuye ngokwecandelwana (2)(b) okanye (c) ifumaneka kwigosa elidluliselayo leSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Ezidolophini, iSibonelelo Sazo Zonke iziThuthi zika-Wonkewonke neSibonelelo seNkqubo Yokufakelwa koMbane eZwenilonke nakwigosa losetyenziso-mali lalo naliphi na elinye isebe likazwelonke elinoxanduva oluhlobene nesabelo-mali esisebenza kule meko. 15
- (4) Igosa elamkelayo lesebe lephondo kufuneka lingenise kuvimba wephondo ofanelekileyo nakwigosa elidluliselayo— 20
- (a) njengexalenye yengxelo efunekayo kwicandelo 40(4)(c) se*Public Finance Management Act*, iingxelo ngendlela ekuqhutywe ngayo ngokwasemalini nangokungekho ngokwasemalini kwiinkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4; 25
- (b) ingxelo yekota yendlela ekuqhutywe ngayo ngokungekho ngokwasemalini kwiinkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4 zingekapheli iintsuku ezingama-30 iphelile ikonta nganye; kunye
- (c) nengxelo yephondo yenyanga nganye emalunga neenkqubo zeemfuneko ngqangi ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4 zingekapheli iintsuku ezili-15 emva kokuphela kwenyanga nganye, ikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe. 30
- (5) Igosa elamkelayo kufuneka lenze ingxelo ngeenkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4 nxamnye neenkqubo-mida ezisebenza kule meko kwizitetimani zemali zonyaka ngamnye nakwingxelo yonyaka ngamnye. 35
- (6) Igosa elamkelayo kufuneka liyiphononge indlela eliqhube ngayo ngokwasemalini nangokungekho ngokwasemalini isebe lephondo okanye umasipala, mayela neenkqubo ezixhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli 4 lize lingenise olo phononongo kwigosa elamkelayo nakuvimba wephondo ofanelekileyo zingekapheli iinyanga ezimbini— 40
- (a) xa kulisebe lephondo, emva kokuphela konyaka-mali ka-2020/21 wesebe lephondo; kuze kuthi
- (b) xa kungumasipala, emva kokuphela konyaka-mali ka-2020/21 kamasipala. 45

Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5 okanye 7

- 12.** (1) Igosa elamkelayo lesabelo-mali sikaShedyuli 5 okanye 7 kufuneka likwenze okufunwa yinkqubo-mida esebenza kule meko.
- (2) Igosa elamkelayo elichaphazelekayo kufuneka, malunga nesabelo-mali seShedyuli 5 okanye 7 esidluliselwe— 50
- (a) kwiphondo, njengexalenye yengxelo efunekayo kwicandelo 40(4)(c) le*Public Finance Management Act*, lenze ingxelo ngemicimbi ekuthethwe ngayo kwicandelwana (3) lize lingenise ikopi yaloo ngxelo kuvimba wephondo ofanelekileyo nakwigosa elidluliselayo;
- (b) kumasipala, njengexalenye yengxelo efunekayo ngokwecandelo 71 se*Municipal Finance Management Act*, lenze ingxelo ngemicimbi ekuthethwe ngayo kwicandelwana (4) lize lingenise ikopi yaloo ngxelo kuvimba wephondo ofanelekileyo, kuVimba weMali yeSizwe nakwigosa elidluliselayo elichaphazelekayo; kanaanjalalo 55

- (c) a province or municipality, submit a quarterly non-financial performance report within 30 days after the end of each quarter.
- (3) A report for a province in terms of subsection (2)(a) must set out for the month in question and for the 2020/21 financial year up to the end of the month—
- (a) the amount received by the province; 5
 - (b) the amount of funds stopped or withheld in terms of section 18 or 19, the reason for the stopping or withholding and any remedial action taken;
 - (c) the actual expenditure by the province in respect of Schedule 5 and 7 allocations;
 - (d) the amount transferred to any national or provincial public entity to implement a programme funded by a Schedule 5 allocation on behalf of a province or to assist the province in implementing the programme; 10
 - (e) the available figures regarding the expenditure by a public entity referred to in paragraph (d);
 - (f) the extent of compliance with this Act and with the conditions of the allocation provided for in its framework, based on the available information at the time of reporting; 15
 - (g) an explanation of any material difficulties experienced by the province regarding an allocation which has been received and a summary of the steps taken to deal with such difficulties; 20
 - (h) any matter or information that may be determined in the framework for the allocation; and
 - (i) such other matters and information as the National Treasury may determine.
- (4) A report for a municipality in terms of subsection (2)(b) must set out for the month in question and for the 2020/21 financial year up to the end of the month— 25
- (a) the amount received by the municipality;
 - (b) the amount of funds stopped or withheld in terms of section 18 or 19, the reason for the stopping or withholding and any remedial action taken;
 - (c) the extent of compliance with this Act and with the conditions of the allocation or part of the allocation provided for in its framework; 30
 - (d) an explanation of any material difficulties experienced by the municipality regarding an allocation which has been received and a summary of the steps taken to deal with such difficulties;
 - (e) any matter or information that may be determined in the framework for the allocation; and 35
 - (f) such other matters and information as the National Treasury may determine.
- (5) The receiving officer must evaluate the financial and non-financial performance of the provincial department or municipality, as the case may be, in respect of programmes partially or fully funded by a Schedule 5 allocation and submit such evaluation to the transferring officer and the relevant provincial treasury within two months after the end of the 2020/21 financial year applicable to a provincial department or a municipality, as the case may be. 40
- (6) (a) The receiving officer of the Human Settlements Development Grant must, in consultation with the transferring officer and after consultation with each affected municipality, publish in the *Gazette*, within 14 days after this Act takes effect, the planned expenditure from the Human Settlements Development Grant, for the 2020/21 financial year, the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year per municipality with level one or level two accreditation. 45
- (b) The planned expenditure must—
 - (i) indicate the expenditure to be undertaken directly by the province and transfers to each municipality; and 50
 - (ii) include a payment schedule for transfers to each municipality in the 2020/21 financial year.
 - (c) The receiving officer of the Human Settlements Development Grant may, by notice in the *Gazette*, after taking into account the performance of the municipality and after consultation with the affected municipality and in consultation with the transferring officer, amend the planned expenditure for that municipality published in terms of paragraph (a). 55

- (c) kwiphondo okanye kumasipala, lingenise ingxelo yekota yendlela ekuqhutywe ngokungekho ngokwasemalini zingekapheli iintsuku ezingama-30 emva kokuphela kwekota nganye.
- (3) Ingxelo yephondo engokwecandelwana (2)(a) kufuneka ichaze ichazela inyanga leyo ikwachazela unyaka-mali ka-2020/21 kude kube sekupheleni kwenyanga— 5
- (a) ichaza isixa-mali esifunyenwe liphondo;
- (b) isixa seemali ezimisiweyo okanye ezinkonyiweyo ngokwecandelo 18 okanye 19, isizathu sokumiswa okanye sokunkonywa kwakunye naliphi na inyathelo lokulungis' imeko elithatyathiweyo;
- (c) eyona nkcitho eyenziwe liphondo malunga nezabelo-mali zeShedyuli 5 neyesi-7; 10
- (d) isixa-mali esidluliselwe kulo naliphi na iqumrhu likarhulumente lezwelonke okanye lephondo ukuyenza isebenza inkqubo exhaswa sisabelo-mali seShedyuli 5 egameni lephondo okanye ukuncedisa iphondo ekuyenzeni isebenze inkqubo leyo; 15
- (e) amanani afumanekayo angenkcitho eyenziwe liqumrhu likarhulumente ekuthethwe ngalo kwisiqendu (d);
- (f) ukuthi kwenziwe kangakanani okufunwa ngulo Mthetho nayimiqathango yesabelo-mali enikiweyo yale nkqubo-mida, ngokusekelwe kwingcombolo efumanekayo ngexesha lokwenziwa kwengxelo; 20
- (g) ingcaciso ngabo nabuphi na ubunzima obuthe baviwa liphondo ngesabelo-mali esifunyenweyo nesishwankathelo samanyathelo athatyathiweyo ukubusana nobo bunzima;
- (h) nawuphi na umcimbi okanye ingcombolo enokuthi igqitywe kwinkqubo-mida yesabelo-mali; kwakunye 25
- (i) neminye imicimbi nengcombolo enokuthi igqitywe nguVimba weMali yeSizwe.
- (4) Ingxelo kamasipala ngokwecandelwana (2)(b) kufuneka ichaze ichazela loo nyanga ikwachazela nonyaka-mali ka-2020/21 kude kube sekupheleni kwenyanga— 30
- (a) isixa-mali esifunyenweyo ngumasipala;
- (b) isixa-mali esimisiweyo okanye esinkonyiweyo ngokwecandelo 18 okanye 19, isizathu sokumiswa okanye sokunkonywa kwaso kwakunye nalo naliphi na inyathelo lokulungis' imeko elithatyathiweyo;
- (c) ukuthi kwenziwe kangakanani okufunwa ngulo Mthetho nokufunwa yimiqathango yesabelo-mali okanye inxalenye yesabelo-mali okuxelwe kwinkqubo-mida yaso; 35
- (d) ingcaciso yazo naziphi na iingxaki ezinkulu athe waba nazo umasipala ngesabelo-mali esifunyenweyo nesishwankathelo samanyathelo athatyathiweyo okubusana nezo ngxaki;
- (e) nawuphi na umcimbi okanye ingcombolo enokuthi igqitywe kwinkqubo-mida yesabelo-mali; kunye 40
- (f) neminye imicimbi nengcombolo enokuthi igqitywe nguVimba weMali yeSizwe.
- (5) Igosa elamkelayo kufuneka liphonononge indlela ekuqhutywe ngayo ngokwasemalini nangokungekho ngokwasemalini kwesebe lephondo okanye umasipala, malunga neenkqubo ezixhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali seShedyuli lize lingenise olo phononongo kwigosa elidluliselayo nakuvimba wemali wephondo ofanelekileyo zingekapheli iinyanga ezimbini uphelele unyaka-mali ka-2020/21 osebenza kwisebe lephondo okanye kumasipala, kuxhomekeke ukuba yeyiphi. 45
- (6) (a) Igosa elamkelayo leSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu, libonisana negosa elidluliselayo nasemva kokubonisana nomasipala ngamnye ochaphazelekileyo, lipapashe kwi*Gazethi*, zingekapheli iintsuku ezili-14 uqalile ukusebenza lo Mthetho, inkcitho ecetywayo esuka kwiSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu, sonyaka-mali ka-2020/21, unyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 ngomasipala ngamnye ongqinelwe ngenqanaba lokuqala okanye lesibini. 50
- (b) Inkcitho ecetywayo kufuneka— 55
- (i) ibonise inkcitho eza kwenziwa ngqo liphondo kunye neemali eziza kudluliselwa kumasipala ngamnye; kananjalo
- (ii) iquke ishedyuli yentlawulo yeemali ezidluliselwa kumasipala ngamnye kunyaka-mali ka-2020/21. 60
- (c) Igosa elamkelayo leSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu linokuthi, ngesihlokomiso esikwi*Gazethi*, emva kokucingela indlela aqhube ngayo umasipala nasemva kokubonisana nomasipala ochaphazelekayo kwaye libonisana negosa elidluliselayo, lenze utshintsho kwinkcitho ecetywayo yaloo masipala epapashwe ngokwesiqendu (a). 65

Duties of receiving officer in respect of infrastructure conditional allocations to provinces

- 13.** (1) The receiving officer of the Education Infrastructure Grant, Health Facility Revitalisation Grant, Human Settlements Development Grant or Provincial Roads Maintenance Grant must— 5
- (a) submit to the relevant provincial treasury a list of all infrastructure projects partially or fully funded by the relevant Grant over the medium term expenditure framework for tabling as part of the estimates of provincial expenditure in the provincial legislature in the format determined by the National Treasury; 10
 - (b) within seven days after the tabling in the legislature, submit the list to the transferring officer and the National Treasury;
 - (c) after consultation with the relevant provincial treasury and the transferring officer, submit any amendments to the list, together with reasons for the amendments, to the provincial treasury for tabling with the adjusted estimates of provincial expenditure; 15
 - (d) within seven days after the tabling in the legislature, submit the amended list to the transferring officer and the National Treasury;
 - (e) report, in the format and on the date determined by the National Treasury, to the transferring officer, relevant provincial treasury and the National Treasury, on all infrastructure expenditure partially or fully funded by the relevant Grant; 20
 - (f) within 15 days after the end of each month, in the format determined by the National Treasury, submit to the relevant provincial treasury and transferring officer, a draft report on infrastructure programmes partially or fully funded from those Grants; 25
 - (g) within 22 days after the end of each month, submit to the National Treasury, a final report on infrastructure programmes partially or fully funded from those Grants; and
 - (h) within two months after the end of the 2020/21 financial year— 30
 - (i) based on the infrastructure budget of the province, evaluate the financial and non-financial performance of the province in respect of programmes partially or fully funded by the Grant; and
 - (ii) submit the evaluation to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury. 35
- (2) The receiving officer of the Education Infrastructure Grant or Health Facility Revitalisation Grant must—
- (a) within 22 days after the end of each quarter, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury, a final report on the filling of posts on the approved establishment for the infrastructure unit of the affected provincial department; and 40
 - (b) ensure that projects comply with infrastructure delivery management best practice standards and guidelines, as identified and approved by the National Treasury.

Infrastructure conditional allocations to metropolitan municipalities 45

- 14.** (1) The receiving officer of a metropolitan municipality must, unless exempted in terms of subsection (5) and by 29 May 2020, submit to the National Treasury a built environment performance plan that includes all projects partially or fully funded by—

Imisebenzi yegosa elamkelayo malunga nezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko zeemfuneko-ngqangi eziya kumaphondo

13. (1) Igosa elamkelayo leSibonelelo seeMfuneko-ngqangi zeMfundo, iSibonelelo Sokuhlaziywa kwamaZiko eMpilo, iSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu okanye iSibonelelo Sokulungiswa kweeNdlela zePhondo kufuneka— 5

- (a) lingenise kuvimba wemali wephondo ofanelekileyo uludwe lwawo onke amaphulo eemfuneko-ngqangi axhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisabelo-mali esifanelekileyo isesenkqubo-mida yenkcitho sexesha eliphakathi ukuze sithiwe thaca njengenxalenye yoqikelelo lweenkcitho zephondo kwindlu yowiso-mithetho yephondo sikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe; 10
- (b) zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva kokuba sithiwe thaca kwindlu yowiso-mithetho, lingenise uluhlu kwigosa elidluliselayo nakuVimba weMali yeSizwe; 15
- (c) emva kokubonisana novimba wemali wephondo ofanelekileyo negosa elidluliselayo, lingenise naluphi utshintsho olwenziweyo kuluhlu, kunye nezizathu zolo tshintsho, lizingenisa kuvimba wemali wephondo ukuze luthiwe thaca kunye noqikelelo oluhlengahlengisiweyo lwenkcitho yephondo; 20
- (d) zingekapheli iintsuku ezisixhenxe luthiwe thaca kwindlu yowiso-mithetho, lingenise uluhlu olwenziwe utshintsho kwigosa elidluliselayo nakuVimba weMali yeSizwe; 25
- (e) lenze ingxelo, ikwimo nangomhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe, eya kwigosa elidluliselayo, kuvimba wemali wephondo ofanelekileyo nakuVimba weMali yeSizwe, kuyingxelo engayo yonke inkcitho yeemfuneko-ngqangi ezixhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo sisibonelelo esichaphazelekayo; 30
- (f) zingekapheli iintsuku ezili-15 emva kokuphela kwenyanga nganye, kwimo egqitywe nguVimba wemali yeSizwe, linngenise kuvimba wemali wephondo ofanelekileyo nakwigosa elidluliselayo, ingxelo eseluvavanyo engeenkqubo zeemfuneko-ngqangi ezixhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo kuthatyathwa kwezo zibonelelo; 35
- (g) zingekapheli iintsuku ezingama-22 emva kokuphela kwenyanga, lingenise kuVimba weMali yeSizwe, ingxelo yokugqibela engeenkqubo zeemfuneko-ngqangi ezixhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo kuthatyathwa kwezo zibonelelo; kwaye 35
- (h) zingekapheli iinyanga ezimbini emva kokuphela konyaka-mali ka-2020/21—
 - (i) ngokusekelwe kuhlalho-lwabiwo-mali lweemfuneko-ngqangi, liphonononge indlela ekuqhutywe ngayo liphondo ngokwasemalini nangokungekho ngokwasemalini kwiinkqubo ezixhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo zixhaswa sisibonelelo eso; lize 40
 - (ii) lingenise uphononongo kwigosa elidluliselayo, kuvimba wemali wephondo ofanelekileyo nakuVimba weMali yeSizwe. 40

(2) Igosa elamkelayo leSibonelelo seeMfuneko-ngqangi zeMfundo okanye iSibonelelo Sokuhlaziywa kwamaZiko eMpilo kufuneka— 45

- (a) zingekapheli iintsuku ezingama-22 emva kokuphela kwekota nganye, lingenise kwigosa elidluliselayo, kuvimba wemali wephondo ofanelekileyo nakuVimba weMali yeSizwe, ingxelo yokugqibela engokuvalwa kwezithuba kwiziko elivunyiweyo leziko leemfuneko-ngqangi zesebe lephondo elichaphazelekileyo; lize 50
- (b) liqinisekise ukuba amaphulo ayakwenza okufunwa yimilinganiselo nazizikhokelo ezizezona zilungileyo zokuphathwa kokuza neemfuneko-ngqangi, njengoko yalathwe yaza yavunywa nguVimba weMali yeSizwe. 50

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko zeemfuneko-ngqangi eziya koomasipala abambaxa 55

14. (1) Igosa elamkelayo likamasipala ombaxa kufuneka, ngaphandle kokuba likhululwe kweso sinkqamangelo ngokwecandelwana (5), kuthi kubetha uMeyi 29, 2020, libe selingenise kuVimba weMali yeSizwe isicwangciso sokwenziwa komsebenzi wemekobume esingqongileyo eyakhiweyo esiquka onke amaphulo axhaswa ngemali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo— 60

- (a) the Integrated City Development Grant, Urban Settlements Development Grant, Public Transport Network Grant or Neighbourhood Development Partnership Grant referred to in Part B of Schedule 4 and Part B of Schedule 5; and
 - (b) money allocated for the Human Settlements Development Grant received from a province. 5
- (2) The built environment performance plan, referred to in subsection (1), must—
- (a) be in the format determined by the National Treasury, including information on the project pipeline for catalytic urban development projects;
 - (b) demonstrate that the planned expenditure in the municipality's integration zones from all the Grants referred to in subsection (1)(a) collectively, increases annually; and 10
 - (c) be approved by its municipal council.
- (3) The National Treasury must, within seven days after the submission of a built environment performance plan in terms of subsection (1), make the built environment performance plan available to all affected transferring officers and provincial departments. 15
- (4) (a) The receiving officer must report in its annual financial statements on the expenditure from each of the Grants mentioned in subsection (1)(a) in each integration zone of the municipality against its built environment performance plan. 20
- (b) The transferring officer of the Integrated National Electrification Programme Grant, referred to in Part B of Schedule 6, must report in its annual financial statements on the expenditure in each integration zone of every municipality against the built environment performance plan of the municipality.
- (5) The National Treasury may— 25
- (a) if satisfied that the planning processes of a metropolitan municipality incorporates the content, practices, processes and approach in a built environment performance plan; and
 - (b) on application of the municipality in the form determined by the National Treasury, 30
- exempt the municipality from submitting a built environment performance plan.

Duties in respect of annual financial statements and annual reports for 2020/21

- 15.** (1) The 2020/21 financial statements of a national department responsible for transferring an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation— 35
- (a) indicate the total amount of that allocation transferred to a province or municipality;
 - (b) indicate any transfer withheld or stopped in terms of section 18 or 19 in respect of each province or municipality and the reason for the withholding or stopping; 40
 - (c) indicate any transfer not made in accordance with the payment schedule or amended payment schedule, unless withheld or stopped in terms of section 18 or 19, and the reason for the non-compliance;
 - (d) indicate any reallocations by the National Treasury in terms of section 20;
 - (e) certify that all transfers to a province or municipality were deposited into the primary bank account of a province or municipality; and 45
 - (f) indicate the funds, if any, used for the administration of the allocation by the receiving officer.
- (2) The 2020/21 annual report of a national department responsible for transferring an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation, indicate— 50

- (a) siSibonelelo soPhuhliso lwesiXeko Esidibeneyo, iSibonelelo soPhuhliso Sokwakhelwa Ezidolophini, iSibonelelo Sazo Zonke iziThuthi zikaWonke-wonke okanye iSibonelelo sobuQabane soPhuhliso loMelwane ekuthethwe ngaso kwiNxalenye B yeShedyuli 4 neNxalenye B yeShedyuli 5; kunye
- (b) nemali eyabelwe iSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu efunyenwe kwiphondo. 5
- (2) Isicwangciso sokwenziwa komsebenzi semekobume esingqongileyo eyakhiweyo, ekuthethwe ngaso kwicandelwana (1), kufuneka—
- (a) sibe kwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe, kuquka ingcombolo esezayo engephulo elo iyeyamaphulo okuphuculwa kwemimandla yasezidolophini akhawulezisa izinto; 10
- (b) sibonise ukuba inkcitho ecetywayo kwimimandla yokudityaniswa koomasipala esuka kuzo zonke izibonelelo ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1)(a) zidibene, iyanda qho ngonyaka; kwaye
- (c) sivunywe libhunga likamasipala waso. 15
- (3) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva kokungeniswa kwesicwangciso sokwenziwa komsebenzi semekobume esingqongileyo eyakhiweyo ngokwecandelwana (1), asenze isicwangciso sendlela yokusebenza semekobume esingqongileyo eyakhiweyo sifumaneke kuwo onke amagosa adluliselayo achaphazelekileyo nakumasebe amaphondo. 20
- (4) (a) Igosa elamkelayo kufuneka lenze ingxelo kwizitetimenti zalo zalo zonyaka ngenkcitho evela kwisibonelelo ngasinye esikhankanywe kwicandelwana (1)(a) kummandla ngamnye womdibaniso kamasipala nxaanye nesicwangciso sendlela ekuqhutywe ngayo semekobume esingqongileyo eyakhiweyo. 25
- (b) Igosa elidluliselayo leSibonelelo seNkqubo Yokufakelwa koMbane eZwenilonke yoMdibaniso, ekuthethwe ngaso kwiNxalenye B yeShedyuli 6, kufuneka lenze ingxelo kwizitetimenti zemali zalo zonyaka ngenkcitho kummandla ngamnye womdibaniso kamasipala ngamnye nxaanye nesicwangciso sendlela emakuqhutywe ngayo semekobume esingqongileyo eyakhiweyo. 30
- (5) UVimba weMali yeSizwe usenokuthi—
- (a) ukuba wanelisekile ukuba iinkqubo zokucwangcisa zikamasipala ombaxa ziquka iziqukatho, izinto ezenziwayo, iinkqubo nendlela yokwenza kwisicwangciso sendlela emakuqhutywe ngayo semekobume esingqongileyo eyakhiweyo. 35
- (b) Kusakwenziwa isicelo ngumasipala sikwimo egqitywe nguVimba wemali yeSizwe, amkhulule umasipala kwisinqamangelo sokungenisa isicwangciso sendlela emakuqhutywe ngayo semekobume esingqongileyo eyakhiweyo.

Imisebenzi malunga nezitetimenti zemali zonyaka neengxelo zonyaka zika-2020/21

- 15.** (1) Izitetimenti zonyaka zika-2020/21 zesebe lezwelonke elinoxanduva lokudlulisela isabelo-mali esikwiShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela kuyo nayiphi na imfuneko yawo nawuphi na umthetho wepalamente— 40
- (a) zibonise isixa-mali sisonke seso sabelo-mali esidluliselwe kwiphondo okanye kumasipala;
- (b) zibonise nayiphi na imali yokudluliselwa enkonyiweyo okanye emisiweyo ngokwecandelo 18 okanye 19 iyeyephondo ngalinye okanye umasipala nesizathu sokunkonywa okanye ukumiswa; 45
- (c) zibonise nayiphi na imali yokudluliswa engenziwanga ngokweshedyuli yentlawulo okanye ishedyuli yentlawulo eyenziwe utshintsho, ngaphandle kokuba inkonywe okanye imiswe ngokwecandelo 18 okanye 19, nesizathu sokungenziwa ngokweshedyuli; 50
- (d) zibonise naziphi na izabelo-mali ezenziwe ngokutsha nguVimba weMali yeSizwe ngokwecandelo 20;
- (e) ziqinisekise ukuba zonke iimali ezidluliselwa kwiphondo okanye kumasipala zifakwe kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini yephondo okanye kamasipala; kwaye 55
- (f) zibonise iimali, ukuba zikho, ezisetyenziselwe ukulawulwa kwesabelo-mali ligosa elamkelayo.
- (2) Ingxelo zonyaka ka-2020/21 yesebe lezwelonke elinoxanduva lokudlulisela isabelo-mali esikwiShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela nakweyiphi na imfuneko yawo nawuphi na omnye umthetho wepalamente ibonise— 60

- (a) the reasons for the withholding or stopping of all transfers to a province or municipality in terms of section 18 or 19;
 - (b) the extent that compliance with this Act by provinces or municipalities was monitored;
 - (c) the extent that the allocation achieved its objectives and outputs; and 5
 - (d) any non-compliance with this Act and the steps taken to address the non-compliance.
- (3) The 2020/21 financial statements of a provincial department receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation— 10
- (a) indicate the total amount of all allocations received;
 - (b) indicate the total amount of allocations received that were budgeted to be transferred to municipalities and public entities, including—
 - (i) the amounts transferred to municipalities and public entities, respectively; and 15
 - (ii) the reasons for any discrepancies;
 - (c) indicate the total amount of actual expenditure on each Schedule 5 or 7 allocation; and
 - (d) certify that all transfers of allocations in Schedules 4, 5 and 7 to the province were deposited into the primary bank account of the province. 20
- (4) The 2020/21 annual report of a provincial department receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must, in addition to any requirement of any other legislation—
- (a) indicate the extent that the provincial department complied with this Act;
 - (b) indicate the steps taken to address non-compliance with this Act;
 - (c) indicate the extent that the allocation achieved its objectives and outputs; 25
 - (d) contain any other information that may be specified in the framework for the allocation; and
 - (e) contain such other information as the National Treasury may determine.
- (5) The 2020/21 financial statements and annual report of a municipality receiving an allocation in Schedule 4, 5 or 7 must be prepared in accordance with the Municipal Finance Management Act. 30
- (6) To facilitate the monitoring of performance and the audit of the allocations for the 2020/21 financial year, the National Treasury may determine the format in which receiving officers must report on conditional allocations to municipalities in terms of sections 11(2)(c) and 12(2)(c). 35

Part 3

Matters relating to Schedule 4 to 7 allocations

Publication of allocations and frameworks

- 16.** (1) The National Treasury must, within 14 working days after this Act takes effect, publish by notice in the *Gazette*— 40
- (a) the conditional allocations per municipality for Part B of Schedule 5 allocations;
 - (b) the indicative conditional allocations per province for Part A of Schedule 6 allocations and per municipality for Part B of Schedule 6 allocations; and
 - (c) the framework for each conditional allocation in Schedules 4 to 7. 45
- (2) For purposes of correcting an error or omission in an allocation or framework published in terms of subsection (1)(a) or (c), the National Treasury must—
- (a) on its initiative and after consultation with the relevant transferring officer; or
 - (b) at the written request of the relevant transferring officer, 50
- by notice in the *Gazette*, amend the affected allocation or framework.

- (a) izizathu zokunkonywa okanye zokumiswa kwazo zonke iimali zokudluliselwa kwiphondo okanye kumasipala ngokwecandelo 18 okanye 19;
- (b) ukuba kuye kwabekw' esweni kangakanani ukwenziwa kokufunwa ngulo Mthetho ngamaphondo okanye ngoomasipala;
- (c) ukuthi isabelo-mali sizifeze kangakanani iinjongo zaso; nokuthi 5
- (d) kubekho kusini na ukungenziwa kokufunwa ngulo Mthetho, namanyathelo athatyathweyo ukulungisa ukungenziwa.
- (3) Izitetimenti zemali zika-2020/21 zesebe lephondo elinoxanduva lokwamkela isabelo-mali esikwiShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela nakweyiphi na imfuneko yawo nawuphi na omnye umthetho wepalamente— 10
- (a) zibonise isixa-mali sisonke sazo zonke izabelo-mali ezifunyenweyo;
- (b) zibonise isixa-mali sisonke sezabelo-mali ezifunyenweyo ebezilondolozelwe ukudluliselwa koomasipala nakumaqumrhu karhulumente, kuquka—
- (i) izixa-mali ezidluliselwe koomasipala nakumaqumrhu karhulumente; kwakunye 15
- (ii) nezizathu zokungafani okukhoyo;
- (c) zibonise isixa-mali sisonke seyona nkcitho eyenziweyo kwisabelo-mali ngasinye seShedyuli 5 okanye 7; zize
- (d) ziqinisekise ukuba zonke iimali zokudluliselwa zezabelo-mali zeShedyuli 4, 5 neyesi-7 eziya kumaphondo zafakwa kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini yephondo. 20
- (4) Ingxelo yonyaka ka-2020/21 yesebe lephondo elifumana isabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela kuyo nayiphi na imfuneko yawo nawuphi na omnye umthetho wepalamente—
- (a) ibonise ukuba isebe lephondo likwenze kangakanani okufunwa ngulo Mthetho; 25
- (b) ibonise amanyathelo athatyathweyo okulungisa ukungakwenzi okufunwa ngulo Mthetho;
- (c) ibonise ukuba isabelo-mali sizifeze kangakanani iinjongo zaso;
- (d) iqulathe nayiphi na enye ingcombolo enokuthi ixelwe kwimida-nkqubo yesabelo-mali; kananjalo 30
- (e) iqulathe enye ingcombolo enokuthi ifunwe nguVimba weMali yeSizwe.
- (2) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokucelwa ligosa elidluliselayo, okanye igosa elamkelayo okanye uvimba wemali wephondo, avumele ukudluliselwa kunyaka olandelayo kwesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko siye kunyaka-mali ka-2021/22 ukuba iimali ezingasetyenziswanga ziza kusetyenziswa kumaphulo acacileyo. 10
- (3) (a) Igosa elamkelayo kufuneka liqinisekise ukuba naziphi na iimali ekufuneka zibuyele kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe ngokwecandelwana (1), ziba sezifakwe kwiNgxowa-mali ngomhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe. 15
- (b) Igosa elamkelayo kufuneka—
- (i) xa kulisebe lephondo, licele ukudluliselwa kunyaka olandelayo kweemali ezingasetyenziswanga ngokusebenzisa uvimba wemali yephondo;
- (ii) lazise igosa elidluliselayo ngazo zonke iinkqubo ezimalunga nesi sicelo.
- (4) (a) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokulawulwa sisiqendu (b) no-(c), indawo yeemali ekufuneka zibuyele kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe ngokwecandelwana (1), kodwa ezingafakwanga kuloo Ngxowa-mali kwade kwabetha umhla ogqitywe ngokwecandelwana (3)(a)— 20
- (i) xa kuliphondo, indawo yezo mali ayivale ngeemali ebeziza kudluliselwa kwixesha elizayo zezabelo ezixhomekeke kwiimeko eziya kwelo phondo; okanye 25
- (ii) xa kungumasipala, indawo yezo mali ayivale ngeemali ebeziza kudluliselwa zesabelo esanelisayo okanye izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kuloo masipala.
- (b) Ngaphambi kokuba iimali indawo yazo ithathwe zezinye ngokwesiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe kufuneka anike igosa elidluliselayo elichaphazelekayo, iphondo okanye umasipala— 30
- (i) isaziso sokuba unenjongo yokuba iimali ezithile indawo yazo ithathwe zizabelo-mali zexesha elizayo, alazise nangesixa-mali anenjongo yokuba indawo ithathwe sesinye, alazise nomhla ekucetywa ukuba kwenzeke ngawo oko , nezizathu zokuba iimali ezithile indawo yazo ithathwe zezinye; kanaanjalo 35
- (ii) nethuba, zingekapheli iintsuku ezili-14 esifumene isaziso eso, lokuba—
- (aa) acebise ukuba kungaba ngowuphi omnye umhla wokuba iimali indawo yazo ithathwe zezinye;
- (bb) abhale oko afuna ukukutsho exela ukuba kungani kungenakuba sisixa-mali esipheleleyo okanye inxalenye yaso esithatha indawo yesinye; okanye (cc) acebise ukuba kungangowuphi omnye umhla okanye imihla ekufuneka isixa-mali, okanye iinxalenye zaso, zibe sezifakiwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe. 40
- (c) UVimba weMali yeSizwe kufuneka—
- (i) awamkele umhla okanye imihla ekucetyiswa yona ngokwesiqendu (b)(ii)(aa) okanye (cc) okanye atyumbe omnye umhla okanye imihla; okanye 45
- (ii) azamkele okanye angazamkeli iingongoma ezivelisiweyo ngokwesiqendu (b)(ii)(bb). 50
- (5) (a) UVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho kwisixa-mali sesabelo esanelisayo okanye sesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esindawo yaso ithatyathwe sesinye ngokwecandelwana (4). 50
- (b) Ukuba utshintsho ekucingwa ngalo kwisiqendu (a) sibangela ukuba ibe ncinane kunelindelekileyo imali ehlawulwa umasipala—
- (i) xa kusisabelo esanelisayo sikamasipala, isebe elinoxanduva lorhulumente wasekuhlaleni kufuneka, nangona lisitsho oku likutshoyo icandelo 5(3), liwudlulisele kumasipala umahluko zingekapheli iintsuku ezili-10; okanye 55
- (ii) xa kusisabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sikamasipala, igosa elidluliselayo kufuneka, nangona isitsho oku ekutshoyo ishedyuli yentlawulo ekucingwa ngayo kwicandelo 23(3), liwudlulisele kumasipala umahluko zingekapheli iintsuku ezili-10. 60
- (c) Ukuba utshintsho olungokwesiqendu (a) lubangela ukuba ibe ngentla kunelindelekileyo imali ehlawulwa umasipala, kusebenza icandelo 25.

CHAPTER 4

MATTERS RELATING TO ALL ALLOCATIONS

Payment requirements

23. (1) (a) The National Treasury must, after consultation with the provincial treasury, determine the payment schedule for the transfer of a province's equitable share allocation. 5

(b) In determining the payment schedule, the National Treasury must take into account the monthly expenditure commitments of provinces and seek to minimise risk and debt servicing costs for national and provincial government.

(c) Despite paragraph (a), the National Treasury may advance funds to a province in respect of its equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of the payment schedule— 10

(i) for cash management purposes relating to the corporation for public deposits account or when an intervention in terms of section 100 of the Constitution takes place; and 15

(ii) on such conditions as it may determine.

(d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against transfers to the province, which would otherwise become due in terms of the payment schedule.

(2) (a) The National Treasury must, after consultation with the national department responsible for local government, determine the amount of a municipality's equitable share allocation to be transferred on each date referred to in section 5(3). 20

(b) If an amount less than the amount approved in terms of paragraph (a) is paid to a municipality, the difference must, despite section 5(3), be paid within 10 days after it comes to the attention of the national department responsible for local government.

(c) Despite paragraph (a), the National Treasury may approve a request or direct that the equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of section 5(3), be advanced to a municipality— 25

(i) after consultation with the national department responsible for local government;

(ii) for purposes of cash management in the municipality or an intervention in terms of section 139 of the Constitution or section 137, 139 or 150 of the Municipal Finance Management Act; and 30

(iii) on such conditions as the National Treasury may determine.

(d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against transfers to the municipality, which would otherwise become due in terms of section 5(3). 35

(3) (a) Subject to section 28(1), the National Treasury must, within 14 days after this Act takes effect, approve the payment schedule for the transfer of an allocation listed in Schedule 4 or 5 to a province or municipality.

(b) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must submit a payment schedule to the National Treasury for approval before the first transfer is made. 40

(c) Before the submission of a payment schedule in terms of paragraph (b), the transferring officer must, in relation to a Schedule 4 or 5 allocation, consult the relevant receiving officer.

(4) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must provide the receiving officer and the relevant provincial treasury with a copy of the approved payment schedule before making the first transfer in terms thereof. 45

(5) The transfer of a Schedule 4 or 5 allocation to a municipality must accord with the financial year of the municipality.

(6) Each transfer of an equitable share or a conditional allocation to a municipality in terms of this Act must be made through a payment system provided by the National Treasury. 50

ISAHLUKO 4

IMICIMBI EMALUNGA NAZO ZONKE IZABELO-MALI

Imfuneko zokuhlawula

23. (1) (a) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, emva kokubonisana novimba wephondo wemali wephondo, enze isigqibo ngeshedyuli yentlawulo yokudluliselwa kwesabelo-mali esanelisayo sephondo. 5

(b) Ekwenzeni isigqibo ngeshedyuli yentlawulo, uVimba weMali yeSizwe kufuneka acingele iimbopheleleko zenkcitho yenyanga nganye yamaphondo aze afune ukunciphisa umngcipheko neendleko zokuhlawulwa kwamatyala zikarhulumente welizwe nowepphondo. 10

(c) Nangona sisitsho oku sikutshoyo isiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe unokuthi aqhube phambili iimali ziye kwiphondo zizezesabelo salo esanelisayo, okanye inxalenye yaso, libe ixesha lazo lingekafiki lokuba zidluliselwe ngokweshedyuli yentlawulo—

(i) ngenjongo yokulawulwa kwemali okumayela nokopolotyeni we-akhawunti yeemali ezifakelwe uluntu okanye xa kusenzeka ungenelelo ngokwecandelo 100 loMgaqo-siseko; kananjalo 15

(ii) ngemiqathango enokuthi igqitywe yiyo.

(d) Naziphi na iimali eziqhutywa phambili ngokwesiqendu kufuneka indawo yazo ithatyathwe ziimali ezidluliselwa kwiphondo, ebeziya kuthi zifuneke ngokweshedyuli yentlawulo. 20

(2) (a) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, emva kokubonisana nesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni, liqingqe isixa sesabelo esanelisayo sikamasipala esiza kudluliselwa ngomhla ngamnye ekuthethwe ngawo kwicandelo 5(3).

(b) Ukuba kuhlawulwa kumasipala isixa esingaphantsi kwesixa esivunyiweyo ngokwesiqendu (a), umahluko kufuneka, nangona lisitsho oku likutshoyo icandelo 5(3), uhlawulwe zingekapheli iintsuku ezili-10 emva kokuba oko kufikelele kwingqalelo yesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni. 25

(c) Nangona sisitsho oku sikutshoyo isiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe unokuthi asivumele isicelo okanye ayalele ukuba isabelo esanelisayo, okanye inxalenye yaso, elingekafiki ixesha laso ukuba sidluliselwe ngokwecandelo 5(3), sinikwe umasipala— 30

(i) emva kokubonisana nesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni;

(ii) ngenjongo yokulawulwa kwemali kumasipala okanye ungenelelo ngokwecandelo 139 loMgaqo-siseko okanye icandelo 137, 139 okanye 150 leMunicipal Finance Management Act; kananjalo 35

(iii) ngemiqathango enokuthi igqitywe nguVimba weMali yeSizwe.

(d) Nayiphi na imali eqhutywe phambili lingekafiki ixesha layo ngokwesiqendu (c) kufuneka indawo yayo ithatyathwe ngeemali ezidluliselwa kumasipala, ebeziza kuthi zifuneke ngokwecandelo 5(3). 40

(3) (a) Ngokulawulwa licandelo 28(1), uVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezili-14 emva kokuba uqalile ukusebenza lo Mthetho, ayivumele ishedyuli yentlawulo yokudluliselwa kwesabelo-mali esidweliswe kwiShedyuli 4 okanye 5 esiya kwiphondo okanye kumasipala.

(b) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka lingenise ishedyuli yentlawulo kuVimba weMali yeSizwe ukuze ivunywe ngaphambi kokuba kudluliselwe imali yokuqala. 45

(c) Ngaphambi kokuba kungeniswe ishedyuli yentlawulo ngokwesiqendu (b), igosa elidluliselayo kufuneka, xa kusisabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, libonisane negosa elamkelayo elichaphazelekayo. 50

(4) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka linike igosa elamkelayo novimba wemali wephondo ochaphazelekayo ikopi yeshedyuli yentlawulo evunyiweyo ngaphambi kokuba lidlulise imali yokuqala yeso sabelo.

(5) Ukudluliselwa kwesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 sisiya kumasipala kufuneka kuvumelane nonyaka-mali kamasipala. 55

(6) Ukudluliselwa ngakunye kwesabelo esanelisayo okanye kwesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sisiya kumasipala ngokwalo Mthetho kufuneka kwenziwe ngenkqubo-ndlela yentlawulo ekhutshwe nguVimba weMali yeSizwe.

Amendment of payment schedule

24. (1) (a) Subject to subsection (2), a transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must, within seven days of the withholding or stopping of an allocation in terms of section 18 or 19, submit an amended payment schedule to the National Treasury for approval. 5

(b) No transfers may be made until the National Treasury has approved the amended payment schedule.

(2) For purposes of better management of debt and cash-flow or addressing financial mismanagement or financial misconduct or slow or accelerated expenditure, the National Treasury may amend any payment schedule for an allocation listed in Schedule 2, 4 or 5, after notifying, in the case of— 10

(a) an allocation to a province, its provincial treasury;

(b) an allocation to a municipality, the national department responsible for local government;

(c) a Schedule 4 or 5 allocation, the relevant transferring officer. 15

(3) The amendment of a payment schedule in terms of subsection (1) or (2) must take into account—

(a) the monthly expenditure commitments of provinces or municipalities;

(b) the revenue at the disposal of provinces or municipalities; and

(c) the minimisation of risk and debt servicing costs for all three spheres of government. 20

(4) The transferring officer must immediately inform the receiving officer of any amendment to a payment schedule in terms of subsection (1) or (2).

Transfers made in error or fraudulently

25. (1) Despite any other legislation to the contrary, the transfer of an allocation that is an overpayment to a province, municipality or public entity, made in error or fraudulently, is regarded as not legally due to that province, municipality or public entity, as the case may be. 25

(2) The responsible transferring officer must, without delay, recover an overpayment referred to in subsection (1), unless an instruction has been issued in terms of subsection (3). 30

(3) The National Treasury may instruct that the recovery referred to in subsection (2) be effected by setoff against future transfers to the affected province, municipality or public entity in terms of a payment schedule.

New allocations during financial year and Schedule 7 allocations 35

26. (1) If further allocations are made to provinces or municipalities, as envisaged in section 6(3), the National Treasury must, before the transfer of any funds to a province or municipality, by notice in the *Gazette* and as applicable—

(a) amend any allocation or framework published in terms of section 16;

(b) publish the allocation per municipality for any new Part B of Schedule 5 allocation or the indicative allocation per municipality for any new Part B of Schedule 6 allocation; or 40

(c) publish a framework for any new Schedule 4, 5, 6 or 7 allocation.

(2) Section 16(2) to (5) applies, with the necessary changes, to allocations and frameworks published in terms of subsection (1). 45

Ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo

24. (1) (a) Ngokulawulwa licandelwana (2), igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka, zingekapheli iintsuku ezisixhenxe sinkonyiwe okanye simisiwe isabelo-mali ngokwecandelo 18 okanye 19, lingenise ishedyuli yentlawulo eyenziwe utshintsho kuVimba weMali yeSizwe ukuze ivunywe. 5
- (b) Akukho kudluliselwa kweemali okuvumelekileyo ukuba kwenziwe de abe uVimba weMali yeSizwe uyivumile ishedyuli yentlawulo eyenziwe utshintsho.
- (2) Ngenjongo yokulawulwa bhetele kwamatyala nokugeleza kwemali okanye ngenjongo yokulungisa ukuphathwa kakubi kwemali okanye izezo ezigwenxa ezimalini okanye ukwenziwa kwenkcitho okucothayo okanye okukhawuleziswayo, uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho nakweyiphi na ishedyuli yentlawulo yesabelo-mali esidweliswe kuShedyuli 2, 4 okanye 5, emva kokwazisa, xa— 10
- (a) kuisabelo-mali esiya kwiphondo, emva kokwazisa uvimba walo wemali;
- (b) kuisabelo-mali esiya kumasipala, emva kokwazisa isebe lezweelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni; 15
- (c) kuisabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, emva kokwazisa igosa elidluliselayo elichaphazelekayo.
- (3) Ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo ngokwecandelwana (1) okanye (2) kufuneka kucingele—
- (a) iimbopheleleko zenkcitho yenyanga nganye zamaphondo okanye zoomasi- 20
pala;
- (b) ingeniso anayo amaphondo okanye oomasipala;
- (c) ukuncitshiswa komngcipheko neendleko zokuhlululwa kwamatyala kuwo omathathu amanqwanqwa karhulumente.
- (4) Igosa elidluliselayo kufuneka ngoko nangoko lazise igosa elamkelayo ngako 25
nakuphi na ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo ngokwecandelwana (1) okanye (2).

Iimali ezidluliselwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo

25. (1) Kungakhathaliseki ukuba uthini omnye umthetho wepalamente otsho ochasene noku, ukudluliselwa kwesabelo-mali esiyintlawulo ethe kratya kwefunekayo 30
sisiya kwiphondo, kumasipala okanye kwiqumrhu likarhulumente, esenziwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo, sithathwa njengesingakhange siqalise ukuba yimfanelo ngokusemthethweni yelo phondo, yaloo masipala okanye yelo qumrhu likarhulumente.
- (2) Igosa elidluliselayo elinoxanduva kufuneka, ngaphandle kokulibazisa, liyibuyise 35
intlawulo ethe kratya kwefunekayo ekuthethwe ngayo kwicandelwana (1), ngaphandle kokuba kukhutshwe umyalelo ngokwecandelwana (3).
- (3) UVimba weMali weLizwe usengayalela ukuba ukubuyiswa kwemali ekuthethwe ngayo kwicandelwana (2) kwenziwe ngokubamba iimali ebeziseza kudluliselwa kwelo phondo, kuloo masipala okanye kwelo qumrhu likarhulumente ngokweshedyuli 40
yentlawulo.

Izabelo-mali ezintsha usaqhubeka unyaka-mali nezabelo-mali zeShedyuli 7

26. (1) Ukuba kukhutshwa ezinye izabelo-mali eziya kumaphondo okanye koomasi- 45
pala, ngendlela ekucingwa ngayo kwicandelo 6(3), uVimba weMali weLizwe kufuneka, ngaphambi kokuba kudluliselwe naziphi na iimali zisiya kwiphondo okanye kumasipala, ngesihlokomiso kwi*Gazethi* nangendlela okusebenza ngayo—
- (a) enze utshintsho kuso nasiphi na isabelo-mali okanye inkqubo-mida epapashwe ngokwecandelo 16;
- (b) apapashe isabelo-mali somasipala ngamnye saso nasiphi na isabelo-mali esitsha esikwiNxalenye B entsha yeShedyuli 5 okanye isabelo-mali esibonisa 50
okuthile somasipala ngamnye saso nasiphi na isabelo-mali esikwiNxalenye B entsha seShedyuli 6; okanye
- (c) apapashe inkqubo-mida yaso nasiphi na isabelo-mali seShedyuli 4, 5, 6 okanye 7 entsha.
- (2) Icandelo 16(2) ukuya ku-(5) liyasebenza kwizabelo-mali neenkqubo-mida 55
epapashwe ngokwecandelwana (1), kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka.

- (3) (a) The transferring officer may, with the approval of the National Treasury, make one or more transfers of a Schedule 7 allocation to a province or municipality for—
- (i) a declared disaster within the period envisaged in section 27(5), 41(5) or 55(5) of the Disaster Management Act, 2002 (Act No. 57 of 2002); or
 - (ii) a housing emergency within 100 days after the date of the declaration of a housing emergency. 5
- (b) The transferring officer must notify the relevant provincial treasury and the National Treasury within 14 days of a transfer of a Schedule 7 allocation to a province or municipality.
- (c) The National Treasury must, within 21 days after the end of the 100-day period envisaged in paragraph (a), by notice in the *Gazette*, publish all transfers of a Schedule 7 allocation made for a declared disaster. 10
- (d) Despite any other legislation to the contrary, the National Treasury may approve that funds allocated in Schedule 7 be used at any time.
- (e) The funds approved in terms of paragraph (d) must be included either in the provincial adjustments appropriation legislation, municipal adjustments budgets or other appropriation legislation. 15

Preparations for 2021/22 financial year and 2022/23 financial year

27. (1) (a) A category C municipality that receives a conditional allocation in terms of this Act must, using the indicative conditional allocations to that municipality for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year as set out in Column B of the Schedules to this Act, by 2 October 2020— 20
- (i) agree on the provisional allocations and the projects to be funded from those allocations in the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year with each category B municipality within the category C municipality's area of jurisdiction; and 25
 - (ii) submit to the transferring officer—
 - (aa) the provisional allocations referred to in subparagraph (i); and
 - (bb) the projects referred to in subparagraph (i), listed per municipality. 30
- (b) If a category C municipality and a category B municipality cannot agree on the allocations and projects referred to in paragraph (a), the category C municipality must request the relevant transferring officer to facilitate agreement.
- (c) The transferring officer must take all necessary steps to facilitate agreement as soon as possible, but no later than 60 days after receiving a request referred to in paragraph (b). 35
- (d) Any proposed amendment or adjustment of the allocations that is intended to be published in terms of section 30(3)(b) must be agreed with the relevant category B municipality, the transferring officer and the National Treasury, before publication and the submission of the allocations referred to in paragraph (a)(ii).
- (e) If agreement is not reached between the category C municipality and the category B municipality on the provisional allocations and projects referred to in paragraph (a) before 2 October 2020, the National Treasury, after consultation with the relevant provincial treasury, must determine the provisional allocations and provide those provisional allocations to the affected municipalities and the transferring officer. 40
- (f) (i) The transferring officer must submit the final allocations, based on the provisional allocations referred to in paragraphs (a)(i) and (ii) and (e), to the National Treasury by 30 November 2020. 45
- (ii) If the transferring officer fails to submit the allocations referred to in subparagraph (i) by 30 November 2020, the National Treasury may determine the appropriate allocations, taking into consideration the indicative allocations for the 2021/22 financial year. 50

- (3) (a) Igosa elidluliselayo linokuthi, ngemvume kaVimba weMali yeSizwe, lidlulise imali ibe nye okanye zibe liqela zesabelo-mali seShedyuli 7 zisiya kwiphondo okanye kumasipala—
- (i) izezentlekele ebhengezwe njengentlekele kwithuba lexesha ekucingwa ngalo kwicandelo 27(5), 41(5) okanye 55(5) se*Disaster Management Act, 2002* (uMthetho 57 ka-2002); okanye 5
 - (ii) izezemeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu zingekapheli iintsuku ezili-100 emva komhla wokubhengezwa kwemeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu.
- (b) Igosa elidluliselayo kufuneka lazise uvimba wephondo ochaphazelekayo noVimba weMali yeSizwe zingekapheli iintsuku ezili-14 idluliselwe imali yesabelo-mali seShedyuli 7 isiya kwiphondo okanye kumasipala. 10
- (c) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezingama-21 liphelile ithuba lexesha eliziintsuku ezili-100 ekuthethwe ngalo kwisiqendu (a), ngesihlokomiso kwi*Gazethi*, apapashe zonke iimali ezidluliselweyo zesabelo-mali seShedyuli 7 esenzelwe intlekele ebhengezwe njengentlekele. 15
- (d) Kungakhathaliseki ukuba uthini omnye umthetho wepalamente otsho okuchasene noku, uVimba weMali yeSizwe unokuthi avumele ukuba iimali ezabelwe kwiShedyuli 7 zisetyenziswe nangaliphi na ixesha.
- (e) Iimvume ezivunyelweyo ngokwesiqendu (d) kufuneka ziqukwe nokuba kukumthetho wepalamente wephondo wokuhlengahlengiswa kolwabiwo-mali, okanye kukuhlahlo-lwabiwo-mali oluhlengahlengisiweyo lukamasipala okanye kukomnye umthetho wepalamente ofanelekileyo. 20

Amalungiselelo onyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23

27. (1) (a) Umasipala okudidi C owamkela isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko ngokwalo Mthetho kufuneka, esebenzisa izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezibonisa okuthile eziya kuloo masipala zonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 njengoko kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli zalo Mthetho, kuthi kubetha uOktobha 2, 2020— 25
- (i) abe sele evumelene ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko namaphulo amakaxhaswe ngemali kuthatyathwe kwezo zabelo-mali kunyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 ngomasipala ngamnye okudidi B ngaphakathi kommandla wolawulo kamasipala okudidi C; kwaye 30
 - (ii) angenise kwigosa elidluliselayo—
 - (aa) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (i); kunye 35
 - (bb) namaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendwana (i), adweliswe ngomasipala ngamnye.
 - (b) Ukuba umasipala okudidi C nomasipala okudidi B abavumelani ngezabelo-mali nangamaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendu (a), umasipala okudidi C kufuneka acele igosa elidluliselayo elichaphazelekayo ukuba likwenze kube lula ukuvumelana. 40
 - (c) Igosa elidluliselayo kufuneka lithabathe onke amanyathelo ayimfuneko ukukwenza kube lula ukuvumelana kangangoko kunokwenzeka, kodwa ke noko kungade kuphele iintsuku ezingama-60 lisifumene isicelo ekuthethwe ngaso kwisiqendu (b).
 - (d) Naluphi na utshintsho olucetywayo okanye ukuhlengahlengiswa kwezabelo-mali ekucetywa ukuba lupapashwe ngokwecandelo 30(3)(b) kufuneka kuvunyelwane ngalo nomasipala okudidi B ochaphazelekayo, negosa elidluliselayo noVimba weMali yeSizwe, ngaphambi kokuba lupapashwe nangaphambi kokungeniswa kwezabelo-mali ekuthethwe ngazo kwisiqendu (a)(ii). 45
 - (e) Ukuba akufikelelwanga kwisivumelwano phakathi kukamasipala okudidi C nomasipala okudidi B ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko namaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendu (a) ngaphambi kuka Oktobha 2, 2020, uVimba weMali yeSizwe, emva kokubonisana novimba wephondo ochaphazelekayo, unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko aze ezo zabelo-mali ezixhomekeke azinike oomasipala abachaphazelekileyo negosa elidluliselayo. 55
 - (f) (i) Igosa elidluliselayo kufuneka lingenise izabelo-mali zokugqibela, ngokusekelwe kwizabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ekuthethwe ngazo kwisiqendu (a)(i) no-(ii) no-(e) zisiya kuVimba weMali yeSizwe engekabethi uNovemba 30, 2020.
 - (ii) Ukuba igosa elidluliselayo liyoyisakala ukungenisa izabelo-mali ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (i) engekabethi uNovemba 30, 2020, uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali ezifanelekileyo, ecingela izabelo-mali ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22. 60

- (2) (a) The transferring officer of a conditional allocation, using the indicative conditional allocations for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, as set out in Column B of the affected Schedules to this Act, must, by 28 September 2020, submit to the National Treasury—
- (i) the provisional allocations to each province or municipality in respect of new conditional allocations to be made in the 2021/22 financial year; 5
 - (ii) any amendments to the indicative allocations for each province or municipality set out in Column B of the affected Schedules in respect of existing conditional allocations; 10
 - (iii) the draft frameworks for the allocations referred to in subparagraphs (i) and (ii); 10 and
 - (iv) electronic copies of any guidelines, business plan templates and other documents referred to in the draft frameworks referred to in subparagraph (iii).
- (b) A transferring officer must consult the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring or receiving officer, on a duty in the draft framework, before submission to the National Treasury in terms of paragraph (a). 15
- (c) When a document, referred to in a draft framework, that is submitted in terms of paragraph (a)(iii), is amended, the transferring officer must immediately provide the National Treasury and each receiving officer with electronic copies of the revised document. 20
- (d) The National Treasury must approve any proposed amendment or adjustment for the 2021/22 financial year of the allocation criteria of an existing conditional allocation before the submission of the provisional allocations and draft frameworks.
- (e) The transferring officer must, under his or her signature, submit to the National Treasury, by 30 November 2020, the final allocations and frameworks based on the provisional allocations and frameworks. 25
- (f) If the transferring officer fails to comply with paragraph (a) or (e), the National Treasury may determine the appropriate draft or final allocations and frameworks, taking into consideration the indicative allocations for the 2021/22 financial year.
- (g) (i) The National Treasury may amend final allocations and frameworks in order to ensure equitable and stable allocations and fair and consistent conditions. 30
- (ii) The National Treasury must give notice, in writing, to the transferring officer of the intention to amend allocations and frameworks and invite the transferring officer to submit written comments within seven days after the date of the notification.
- (h) The draft and final allocations and frameworks must be submitted in the format determined by the National Treasury. 35
- (3) The National Treasury may instruct transferring officers, accounting officers of the provincial treasuries and receiving officers to submit to it such plans and information for any conditional allocation, as it may determine, at specified dates before the start of the 2021/22 financial year. 40
- (4) (a) For purposes of the Education Infrastructure Grant or Health Facility Revitalisation Grant in the 2021/22 financial year, the receiving officer of the relevant provincial department must, in the format and on the date determined by the National Treasury, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury— 45
- (i) a user asset management plan for all infrastructure programmes for a period of at least 10 years;
 - (ii) an infrastructure programme management plan, including a construction procurement strategy for infrastructure programmes and projects envisaged to commence within the period for the medium term expenditure framework; and 50
 - (iii) a document that outlines how the infrastructure delivery management system must be implemented in the province and is approved by the Executive Council of the province before or after the commencement of this Act.

(2) (a) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, lisebenzisa izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, njengoko kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ezichaphazelekileyo zalo Mthetho, kufuneka, kuthi kubetha uSeptemba 28, 2020, abe engenise kuVimba weMali yeSizwe— 5

- (i) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kwiphondo ngalinye okanye kumasipala izezezabelo-mali ezintsha ezixhomekeke kwiimeko eziza kwenziwa kunyaka-mali ka-2021/22;
- (ii) naluphi na utshintsho kwizabelo-mali ezibonisa okuthile zephondo ngalinye okanye umasipala oluchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ezichaphazelekileyo ilolwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezikhoyo; 10
- (iii) iinkqubo-mida eziseluvavanyo zezabelo-mali ekuthethwe ngazo kwiziqendwana (i) no-(ii); kunye
- (iv) iikopi ze-elektroniki zezikhokelo, izicwangciso zoshishino namanye amaxwebhu ekuthethwe ngawo kwiinkqubo-mida eziseluvavanyo ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (iii). 15

(b) Igosa elidluliselayo kufuneka libonisane negosa losetyenziso-mali lesebe lezwelonke okanye lephondo, ngaphandle kwegosa elidluliselayo okanye elamkelayo, elisemsebenzini wenkqubo-mida eseluvavanyo, ngaphambi kokuba liyidlulisele kuVimba weMali yeSizwe ngokwesiqendu (a). 20

(c) Xa uxwebhu, ekuthethwe ngalo kwinkqubo-mida eseluvavanyo, engeniswa ngokwesiqendu (a)(iii), lusenziwa utshintsho, igosa elidluliselayo kufuneka ngoko nangoko linike uVimba weMali yeSizwe negosa ngalinye elamkelayo iikopi ze-elektroniki zoxwebhu oluhlaziyiweyo. 25

(d) UVimba weMali yeSizwe kufuneka avumele naluphi na utshintsho olucetywayo okanye uhlehlengiso lonyaka-mali ka-2021/22 lweemfuneko zokwabiwa kwemali zesabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko esikhoyo ngaphambi kokungeniswa kwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko neenkqubo-mida eseluvavanyo. 30

(e) Igosa elidluliselayo kufuneka, ngotyikityo lwalo, lingenise kuVimba weMali yeSizwe, engekabethi uNovemba 30, 2020, izabelo-mali zokugqibela neenkqubo-mida ezisekelwe kwizabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko neenkqubo-mida. 30

(f) Ukuba igosa elidluliselayo alikwenzi okufunwa sisiqendu (a) okanye (e), uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali neenkqubo-mida efanelekileyo eseluvavanyo okanye eyeyokugqibela, licingela izabelo-mali ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22. 35

(g) (i) UVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho kwizabelo-mali zokugqibela neenkqubo-mida ukuze aqinisekise ukwenziwa kwezabelo-mali ezanelisayo nezinzizileyo neemeko zezibonelelo ezingakhwiniyo nezingajika-jikiyo. 40

(ii) UVimba weMali yeSizwe kufuneka akhuphe isaziso, esibhaliweyo, esiya kwigosa elidluliselayo esazisa ngenjongo yokwenza utshintsho kwizabelo-mali neenkqubo-mida aze ameme igosa elidluliselayo ukuba lingenise amagqabaza abhaliweyo zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva komhla wokwaziswa. 40

(h) Izabelo-mali neenkqubo eziseluvavanyo nezokugqibela kufuneka zingeniswe zikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe. 45

(3) UVimba weMali yeSizwe unokuthi ayalele amagosa adluliselayo, amagosa osetyenziso-mali oovimba bemali bamaphondo namagosa amkelayo ukuba angenise izicwangciso nengcombolo yesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, ngendlela egqitywe nguye, ngemihla exeliweyo ngaphambi kokuba kuqale unyaka-mali ka-2021/22. 45

(4) (a) Ngenjongo yeSibonelelo seeMfuneko-ngqangi seMfundo okanye iSibonelelo Sokuhlaziywa kweZakhiwo zeMpilo kunyaka-mali ka-2021/22, igosa elamkelayo lesebe lephondo elichaphazelekayo kufuneka, kwimo nangomhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe, lingenise kwigosa elidluliselayo, kuvimba wemali wephondo ochaphazelekayo nakuVimba weMali yeSizwe— 50

- (i) isicwangciso sokulawulwa kokusetyenziswa kwempahla sazo zonke iinkqubo zeemfuneko-ngqangi ithuba lexesha eliyiminyaka eli-10 ubuncinane; 55
- (ii) isicwangciso sokulawulwa kwenkqubo yeemfuneko-ngqangi, kuquka icebo lokuthenga izinto zokwakha zeenkqubo zeemfuneko-ngqangi namaphulo ekucingwa ngawo ukuba aqaliswe lingekapheli ithuba lexesha lenkqubo-mida yenkcitho yexesha eliphakathi; kunye
- (iii) noxwebhu oluchaza ukuba inkqubo yokulawulwa kokunikezelwa kweemfuneko-ngqangi iza kusetyenziswa njani kwiphondo evunye liBhunga lesigqeba lephondo ngaphambi okanye emva kokuqala kwalo Mthetho ukusebenza. 60

(b) The receiving officer of the relevant provincial department must review the document, referred to in paragraph (a)(iii), and if any substantive change is made to the document during the 2020/21 financial year, the amended document must be approved by the Executive Council of the province before submission to the National Treasury within 14 days after such approval. 5

(5) (a) Any category B municipality may apply to qualify for the Integrated Urban Development Grant, by submitting an application to the Department of Cooperative Governance by 24 July 2020.

(b) The Department of Cooperative Governance must determine the form of the application, including the minimum qualifying conditions. 10

(c) The Department of Cooperative Governance must submit, by 2 October 2020, to the National Treasury for approval, a list of any proposed additional qualifying municipalities and any municipalities that have failed to meet the qualifying conditions to continue to qualify for approval.

(d) A municipality that is informed by the Department of Cooperative Governance that it will qualify for the Integrated Urban Development Grant, must submit to the National Treasury— 15

(i) by 26 March 2021, a first draft of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework to the Department of Cooperative Governance; and 20

(ii) by 31 May 2021, the final versions of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework, which must be evaluated by the Department of Cooperative Governance after consultation with relevant stakeholders.

Transfers before commencement of Division of Revenue Act for 2021/22 financial year 25

28. (1) Despite the Division of Revenue Act for the 2021/22 financial year not having commenced on 1 April 2021, the National Treasury may determine that an amount, not exceeding 45 per cent of the total amount of each—

(a) equitable share in terms of section 4(1), be transferred to the relevant province; 30

(b) equitable share in terms of section 5(1), be transferred to the relevant municipality;

(c) allocation made in terms of section 7(1) or 8(1), as the case may be, be transferred to the relevant province or municipality. 35

(2) An amount transferred in terms of subsection (1)(c) is, with the necessary changes, subject to the applicable framework for the 2020/21 financial year and the other requirements of this Act, as if it is an amount of an allocation for the 2020/21 financial year.

CHAPTER 5 40

DUTIES AND POWERS OF MUNICIPALITIES, PROVINCIAL TREASURIES AND NATIONAL TREASURY

Duties of municipalities

29. (1) (a) In addition to the requirements of the Municipal Finance Management Act, the accounting officer of a category C municipality must, within 10 days after this Act takes effect, submit to the National Treasury, the relevant provincial treasury and all category B municipalities within that municipality's area of jurisdiction, the budget, as tabled in accordance with section 16 of the Municipal Finance Management Act, for the 2020/21 financial year, the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, except if submitted in terms of any other legislation before the end of the 10-day period. 45 50

(b) The budget must indicate all allocations from its equitable share and conditional allocations to be transferred to each category B municipality within the category C municipality's area of jurisdiction and disclose the criteria for allocating funds between the category B municipalities.

(b) Igosa elamkelayo lesebe lephondo elichaphazelekayo kufuneka liluqwalasele ngokutsha uxwebhu, ekuthethwe ngalo kwisiqendu (a)(iii), kuze kuthi ukuba kwenziwe utshintsho olukhulu kuxwebhu kunyaka-mali ka-2020/21, uxwebhu olwenziwe utshintsho luvunywe liBhunga lesiGqeba lephondo ngaphambi lungeniswe kuVimba weMali yeSizwe zingekapheli iintsuku ezili-14 luvunyiwe. 5

(5) (a) Nawuphi na umasipala wodidi B unokwenza isicelo sokuba afanelekele iSibonelelo soPhuhliso lwaseziDolophini Oludityanisiweyo, ngokungenisa isicelo kwiSebe loLawulo lweNtsebenziswano engekabethi uJulayi 24, 2020.

(b) ISebe loLawulo lweNtsebenziswano kufuneka lenze isigqibo ngemo yesicelo, kuquka imiqathango eyeyona iphantsi yokufanelekela. 10

(c) ISebe loLawulo lweNtsebenziswano kufuneka lingenise, engekabethi uOktoberha 2, 2020, kuVimba weMali yeSizwe ukuze luvunywe, uludwe lwabanye oomasipala abacetywayo abafanelekayo kunye noomasipala abangahlangabezananga nemiqathango yokufaneleka yokuqhubeka befaneleka ukuba bavunywe.

(d) Umasipala owaziswa liSebe loLawulo lweNtsebenziswano oza kufanelekela iSibonelelo soPhuhliso lwaseziDolophini Oludityanisiweyo, kufuneka angenise kuVimba weMali yeSizwe— 15

(i) engekabethi uMatshi 26, 2021, umbhalo oseluvavanyo wokuqala wenkqubo yakhe yemali yeminyaka emithathu neNkqubo-mida yakhe yeNkcitho Ephambili ewungenisa kwiSebe loLawulo lweNtsebenziswano; aze 20

(ii) engekabethi uMeyi 31, 2021, angenise imibhalo yokugqibela yeenkqubo zakhe zemali zeminyaka emithathu neNkqubo-mida yakhe yeNkcitho yeMali yeminyaka eli-10, ekufuneka iphononongwe liSebe loLawulo lweNtsebenziswano emva kokubonisana nabathabathi-nxaxheba abachaphazelekayo.

Iimali ezidluliselweyo ngaphambi kokuba uqale ukusebenza uMthetho Wokwahlulwa kweNgeniso wonyaka-mali ka-2021/22 25

28. (1) Nangona uMthetho Wokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso wonyaka-mali ka-2021/22 ungaqalanga ukusebenza ngoEpreli 1, 2021, uVimba weMali yeSizwe unokwenza isigqibo sokuba isixa-mali, esingekho ngaphezu kwama-45 ekhulwini semali iyonke— 30

(a) yesabelo esanelisayo ngokwecandelo 4(1), sidluliselwe kwiphondo elichaphazelekayo;

(b) isabelo esanelisayo ngokwecandalo 5(1), sidluliselwe kumasipala ochaphazelekayo;

(c) isabelo-mali esenziwe ngokwecandelo 7(1) okanye 8(1), sidluliselwe kwiphondo elichaphazelekayo okanye umasipala. 35

(2) Ukuba isixa sesabelo-mali, esenziwe ngokwecandelwana (1)(c), eso sixa, kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka, silawulwa yinkqubo-mda esebenza kuloo meko yonyaka-mali ka-2020/21 nezinye iimfuneko zalo Mthetho, ngokungathi sisixa sesabelo-mali sonyaka-mali ka-2020/21. 40

ISIAHLUKO 5

IMISEBENZI NAMAGUNYA OOMASIPALA, OOVIMBA BEMALI BAMAPHONDO NOVIMBA WEMALI WESIZWE

Imisebenzi yoomasipala

29. (1) (a) Ukongezelela kwiimfuneko ze*Municipal Finance Management Act*, igosa losetyenziso-mali likamasipala okudidi C kufuneka, zingekapheli iintsuku ezili-10 uqalile ukusebenza lo Mthetho, lingenise kuVimba weMali weSizwe, kuvimba wemali wephondo ochaphazelekayo nakubo bonke oomasipala abakudidi B abakummandla ongaphantsi kwegunya laloo masipala, uhlahlo-lwabiwo-mali, oluthiwe thaca ngokuvumelana necandelo 16 le*Municipal Finance Management Act*, lonyaka-mali ka-2020/21, unyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, ngaphandle kokuba lungeniswa ngokokutsho komnye umthetho wepalamente ngaphambi kokuphela kwethuba lexesha eliziintsuku ezili-10. 45 50

(b) Uhlahlo-lwabiwo-mali kufuneka lubonise zonke izabelo-mali ezisuka kwisabelo salo esanelisayo nezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko emazidluliselwe kumasipala ngamnye okudidi B ongaphakahi kummandla olawulwa ngumasipala okudidi C luze ludandalazise iimfuneko ekusekelwe kuzo ulwabiwo lweemali phakathi koomasipala abakudidi B. 55

(2) A category C municipality that is providing a municipal service must, before implementing any capital project for water, electricity, roads or any other municipal service, consult the category B municipalities within whose area of jurisdiction the project must be implemented, and agree, in writing, which municipality is responsible for the operational and maintenance costs and the collection of user fees. 5

(3) A category C municipality must ensure that it does not duplicate a function currently performed by a category B municipality and must transfer funds for the provision of services, including basic services, to the relevant category B municipality that is providing municipal services, despite the fact that—

(a) the category C municipality retains the function in terms of the Municipal Structures Act; and 10

(b) a service delivery agreement for the provision of services by the category B municipality on behalf of the category C municipality has not been concluded.

(4) A category B municipality which is not authorised to perform a function in terms of the Municipal Structures Act may not extend the scope or type of services that it currently provides, without— 15

(a) entering into a service delivery agreement with the category C municipality which is authorised to perform the function in terms of the Municipal Structures Act; or

(b) obtaining authorisation to perform the function in terms of the Municipal Structures Act. 20

(5) (a) A category C municipality and a category B municipality must, before the commencement of a financial year, agree to a payment schedule in respect of the allocations, referred to in subsection (1)(b), to be transferred to the category B municipality in that financial year, and the category C municipality must submit the payment schedule to the National Treasury before the commencement of the financial year. 25

(b) A category C municipality must make transfers in accordance with the payment schedule submitted in terms of paragraph (a).

(6) (a) The National Treasury may withhold or stop any allocation to the category C municipality and reallocate the allocation to the relevant category B municipalities if a category C municipality fails to— 30

(i) make allocations referred to in subsection (1)(b);

(ii) reach an agreement envisaged in subsection (2); or

(iii) submit a payment schedule in accordance with subsection (5)(a). 35

(b) The following provisions apply to the withholding or stopping of an allocation in accordance with paragraph (a):

(i) Section 216 of the Constitution;

(ii) in the case of withholding an allocation, section 18(4)(a), with the necessary changes; and 40

(iii) in the case of stopping an allocation, section 19(2)(a), (3), (4) and (5) with the necessary changes.

(c) If an allocation is stopped in terms of this subsection, the National Treasury may, after consultation with the transferring officer, determine that a portion of the allocation that will not be spent, be reallocated to one or more municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2020/21 financial year or the 2021/22 financial year. 45

(7) A municipality must ensure that any allocation made to it in terms of this Act, or by a province or another municipality, that is not reflected in its budget as tabled in accordance with section 16 of the Municipal Finance Management Act, is reflected in its budget to be considered for approval in accordance with section 24 of the Municipal Finance Management Act. 50

Duties and powers of provincial treasuries

30. (1) A provincial treasury must reflect allocations listed in Part A of Schedule 5 to the province separately in the appropriation Bill of the province. 55

(2) Umasipala okudidi C onika inkonzo kamasipala kufuneka, ngaphambi kokuba alenze lisebenze naliphi na iphulo eliyintloko lamanzi, umbane, iindlela okanye nayiphi na enye inkonzo kamasipala, abonisane noomasipala abakudidi B eliza kwenziwa lisebenze kummandla wabo iphulo elo, aze avume, ngokubhala, ukuba ngowuphi umasipala onoxanduva lweendleko zokusebenza nokugcina izinto zikwimeko entle nezokuqokelelwa kweemali zabasebenzisi beenkonzo. 5

(3) Umasipala okudidi C kufuneka aqinisekise ukuba akawuphindi umsebenzi owenziwa kungokunje ngumasipala okudidi B yaye kufuneka adlulisele iimali zokwenziwa kweenkonzo, kuquka iinkonzo ezisisiseko, ziye kumasipala okudidi B ochaphazelekayo onika iinkonzo zikamasipala, nangona— 10

(a) umasipala okudidi C ewugcine kuye umsebenzi ngokwe*Municipal Structures Act*; kananjalo

(b) isivumelwano sokunikezelwa kweenkonzo sokwenziwa kweenkonzo ngumasipala okudidi B egameni likamasipala okudidi C asibotshwanga.

(4) Umasipala okudidi B ongagunyazwanga ukuba enze umsebenzi ngokwe-*Municipal Structures Act* akavumelekanga ukuba awunwebe umda weenkonzo okanye uhlobo lweenkonzo azenzayo kungokunje, engakhange— 15

(a) angene kwisivumelwano sokunikezelwa kweenkonzo nomasipala okudidi C ogunyaziweyo yena ukwenza umsebenzi ngokwe*Municipal Structures Act*; okanye 20

(b) afumane isigunyaziso sokwenza umsebenzi lowo ngokwe*Municipal Structures Act*.

(5) (a) Umasipala okudidi C nomasipala okudidi B kufuneka, ngaphambi kokuba uqale unyaka-mali, bavumelane ngeshedyuli yentlawulo malunga nezabelo-mali, ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1)(b), emazidluliselwe kumasipala okudidi B kuloo nyaka-mali, aze ke yena umasipala okudidi C kufuneke ayingenise loo Shedyuli yentlawulo kuVimba weMali weSizwe ngaphambi kokuba uqale unyaka-mali. 25

(b) Umasipala okudidi C kufuneka adlulisele iimali ngokuvumelana neshedyuli yentlawulo engeniswe ngokwesiqendu (a).

(6) (a) UVimba weMali weSizwe unokuthi asinkonye okanye asimise nasiphi na isabelo-mali esiya kumasipala okudidi C aze asabe ngokutsha eso sabelo-mali siye koomasipala abakudidi B abachaphazelekayo ukuba umasipala okudidi C uyoyisakala— 30

(i) ukwenza izabelo-mali ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1)(b);

(ii) ukufikelela kwisivumelwano ekucingwa ngaso kwicandelwana (2); okanye 35

(iii) ukungenisa ishedyuli yentlawulo ngokuvumelana necandelwana (5)(a).

(b) Oku kulandelayo kusebenza ekunkonyweni okanye ekumisweni kwesabelo-mali ngokuvumelana nesiqendu (a):

(i) icandelo 216 loMgaqo-siseko;

(ii) xa kunkonywa isabelo-mali, icandelo 18(4)(a), kubekho utshintsho olunokuthi lufuneke; kuze 40

(iii) xa kumiswa isabelo-mali, icandelo 19(2)(a), (3), (4) no-(5), kubekho utshintsho olunokuthi lufuneke.

(c) Ukuba isabelo-mali siyamiswa ngokweli candelwana, uVimba weMali weSizwe unokuthi, emva kokubonisana negosa elidluliselayo, agqibe kwelokuba inxalenye yesabelo-mali engayi kusetyenziswa, yabelwe ngokutsha iye kumasipala okanye koomasipala, ngomqathango wokuba isabelo-mali eso siza kube sesisetyenzisiwe xa kuphela unyaka-mali ka-2020/21 okanye unyaka-mali ka-2021/22. 45

(7) Umasipala kufuneka aqinisekise ukuba nasiphi na isabelo-mali asinikiweyo ngokwalo Mthetho, okanye asinikwe liphondo okanye ngomnye umasipala, esingaveliyo kuhlalho-lwabiwo-mali lwakhe njengoko luthiwe thaca ngokuvumelana necandelo 16 le*Municipal Finance Management Act*, siyavela kuhlalho-lwabiwo-mali lwakhe oluza kuqwalaselwa ngenjongo yokuba luvunywe ngokuvumelana necandelo 24 le*Municipal Finance Management Act*. 50

Imisebenzi namagunya oovimba bemali bamaphondo 55

30. (1) Uvimba wemali wephondo kufuneka azenze zibonakale ngokwahlukeneyo izabelo-mali ezidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 5 eziya kwiphondo kuMthetho Oyilwayo woLwabiwo lweMali wephondo.

(2) (a) A provincial treasury must, on the same day that its budget is tabled in the provincial legislature, or a date not later than 14 days after this Act takes effect and approved by the National Treasury, publish, by notice in the *Gazette*—

- (i) the indicative allocation per municipality for every allocation to be made by the province to municipalities from the province's own funds and from conditional allocations to the province; 5
- (ii) the indicative allocation to be made per school and per hospital in the province in the format determined by the National Treasury;
